AMAHEBHERE,
ISAHLUKO SOKUQALA

Kwaye ukunika e—encinci . . . Ndicinga akukho nto ingcono, kum, kunalo nje iLizwi. "Ukholo luza ngokuva, kwaye ukuva iLizwi likaThixo."

2 NgoLwesithathu, kwaye mhlawumbi ngeeCawa, enye yeenkonzo zangeCawa, ukunika umalusi nje uphumlo oluncinci, ntoleyo ayifanele kakhulu, kwaye ndacinga mhlawumbi nje siyakuthabatha iNcwadi eBhayibhileni. Besiqhele ukukwenza oko, kwaye ngamanye amaxesha sihlale unyaka kuyo.

3 Ndikhumbula ngelinye ixesha sahlala unyaka wonke kwiNcwadi yeSityhilelo. Kodwa, owu, bethu, izinto esazifundayo, nendlela emangalise ngayo! Ngoko sabuyela emva safumana iNcwadi kaDaniyeli, okanye iNcwadi yeGenesis, okanye Eksodus, kwaye nje yithathe, isahluko ngesahluko, kwaye nje ibophelela iBhayibhile yonke ngokuhlangeneyo. Owu, ndiyakuthanda nje okuya!

4 Kamva kancinci, siyakufuneka sifumane i . . . Ukuba iNkosi iyaqhubekeka ukusisikelela kwaye siqhubeka, siyakufika kwezinzulu ngenene izinto phakathi apha, ezinzulu kakhulu. Kwaye siyakuya ukusuka kwindawo ukuya kwindawo, ngeSibhalo, ngayo.

5 Kwaye ndiyathanda ukwenza iSibhalo sithelekiswe neSibhalo. Leyo yindlela efanele ibe ngayo. Ingumfanekiso nje omnye omkhulu omhle. Kwaye kule Ncwadi esiyifundisisayo, sizakungena kuyo, owu, usindiso, nempiliso eNgcwele, nemimangaliso, neenceba. Kwaye, owu, yonke into iyangena apha.

6 Kwaye mhlawumbi xana ndifika kwindawo apho ndifanele ndingene emihlanganweni . . . Andizange ndazi nje kuyakuba nini ndibesemhlanganweni, ndibizelwe emhlanganweni, ngokuba andinanto ibekiweyo ndide ndizive ndikhokelelwe ekwenzeni into ethile. Kwaye mhlawumbi ngaphambi kusasa, ndingabhabhela eCalifornia, ukuya eMaine okanye ndaweni ithile, nje apho Angandibizela khona. Eso sisizathu ndingafumani ezinkulu, ezinde izicwangciso zohambo, ngokuba andinakwenza okuya. Ulungiselelo lwam alusikwanga ngala ndlela, kwaye lwahlukile nje.

7 Kwaye ngoku ndize ekhaya nje ukwenzela uphumlo oluncinci. Ndiphulukene namashumi amabini obunzima, kumhlangano ogqithileyo. Kwaye uMzalwana uMercier noMzalwana uGoad bebevukile, ngexesha eligqithileyo, bathi,

"Mzalwana uBranham, ndikuqaphele oko ukwenzayo. Ubeka intliziyo yakho kuko konke."

8 Ndathi, "Leyo kuphela kwendlela onokwenzela ngayo uThixo uhlobo olulungileyo lomsebenzi, kukubeka yonke into onayo kanye ngaphambili ukwenzela uKristu; onke amandla akho, wonke umphefumlo wakho, yonke intliziyo yakho, yonke ingqondo yakho, yonke into onayo." Xa usenza nantoni, yenze kakuhle okanye sukuyenza konke konke, yabona, yiyeke nje yodwa. Ukuba uzakuba ngumKristu, beka yonke into onayo kuKristu, oko li, ixesha lakho, italente yakho, yonke into yakho.

9 Ndiye nje ndaqaphela lo mfo mtsha. Lowo ngumfazi wakho, Mzalwana uBurns, nguye, okwa kudlala nokucula phaya, esasibini sitsha. Kwaye—kwaye asiyopiyano, ingeyiyo ne ogani, kodwa luhlobo oluthile lwesixhobo, benza ukuyikhalisa baze bayichole, baze benzele into iNkosi. Mhlawumbi ungayenza loo nto, kwaye ucule, oko kukuthi, uzuze imiphefumlo. Yenza into ethile, akukhathaliseki. Ukuba u—ungenza umlozi, kuhle, yenza umlozi. Nje yenza into ethile. Ngqina nje okanye yenzela into uBukumkani bukaThixo. Nantoni na onayo, yisebenzise kwinkonzo kaThixo.

10 Ngoku, asizukuzama ukuhlala ixesha elide, ngokuba ndiyayazi niyasebenza. Kufuneka nivuke ngethuba. Kwaye ndizakuya kuzingela oonomatse qho ngentsasa. Ndiyakunixelela nje inyaniso. Oko koko ndikwenzayo. Yilonto endiyela yona ekhaya, kukuphumla kancinci. Kwaye ke ndiyavuka, malunga nentsimbi yesine, ndize ndiye ematyholweni kwaye, ke, ndizingele kancinci ndize ndiye kulala. Kwaye ndizuza obunye bobuya bunzima kwakhona, ke ndiyakuphumla, emva kwethutyana, ukuba ni . . . iNkosi ithandile. Kwaye yonke into ilungile.

11 Kulungile, ngoku, sizakutyhila eziBhayibhileni zenu. Ndifuna nize neBhayibhile zenu qho ngobusuku, okokuba ni . . . njengoko ninokubanakho. Ukuba umntu uswele ezimbalwa, ngaba umntu othile angafuna ukulandela kunye nofundo, sinazo ezithile apha, singafumana aba . . . abanye babancedisi baze kuzihambisa. Nabani oyifunayo? Ke, phakamisa isandla sakho.

12 Andazi nokuba uMzalwana . . . Doc, yiza apha ufumane ezi Bhayibhile. Umile kufutshane phaya, kunye noMzalwana uBurns. Ingaba ilungile, Burns? Ndimvile esithi . . . [Umzalwana uthi, "Conrad."—Mhl.] Intoni? ["Conrad."] Conrad. Ndimbizile . . . Ndiya ndisiba lukhuni ukuva, mhlawumbi, Mzalwana uNeville. Ndilufumene njani ela gama likaBurns? Ndiyabazi ubuso balandoda, kwaye nje andinakho, andinakubiza igama layo.

13 Kwaye niyazi, njengoko nisiba badala kancinci, ndifumene into enye, kunzima kum ukufunda le Bhayibhile. Kwaye

ndikuthiyile nje ukucinga ukufanela ukunxiba iindondo zamehlo, ukwenzela ukufunda iBhayibhile.

14 Kodwa, apha kungekudala, ndacinga ndandisiba yimfama. Kwaye ndaya ngaphaya ukuya kubona uSam. Waze uSam wathi, "Bill, andiyazi." Wathi, "Ndizakwenzela nje ixesha lokubonana nengcali."

15 Ndaya eLouisville. Ifanele ukuba yayiyintando yeNkosi. Enye yedumile ingcali; ndilibele igama layo ngoku. Kodwa yayiyifundile incwadi yam. Yaze yathi, "Ukuba ungaze ubuyele e-Afrika, ndifuna ukuya nawe." Yathi, "Kwaye ukuba ukuba . . . Bona e-Afrika abantu bayakuthanda." Yaze yathi, "Baneenkolelo kakhulu, ngakumbi ngemela, ukuya kusika. Ke," yathi, "Ndifuna ukunikeza ngesithandathu seenyanga sobomi bam, ukwenza utyando lwecataracts umlanga nezinto, ku . . . emsebenzini." Yaze yathi, "Ukuba siya kuya sobabini, kwaye unokuphumelela ulwamkelo lwabo, ngolwahlobo." Yathi, "Ngoko ukuba banomlanga kwaye iliso liyasebenza," yathi, "Ndingathanda ukulunikeza, simahla, iinyanga ezintandathu zalo." Kwaye ndilibele lixesha elide kangakanani ekufanele ulinde ixesha lokudibana naye.

16 Kwaye sasihleli kwigumbi elincinci line—linokukhanya okuncinci okubomvu kuvela, emva phaya egumbini elimnyama. Kutheni, ndandinakho ukuwafunda lomagama. Yathi amshumi amabini-amashumi amabini. Ndandinakho ukufunda nangayiphi indlela. Waze wayiqhawula kwishumi elinesihlanu-ishumi elinesihlanu, kwaye ndandinakho ukuyifunda. Wayibeka kwishumi-shumi, ndabanakho ukuyifunda. Wathi, "Ke, akukho okungako okungalunganga namehlo akho."

17 Ke wayenesibonakude esincinci. Wabeka isixhobo sobuchwephetsha emva phaya, into encinci, niyazi. Zona ezindala izibonakude, bangaphi abasazikhumbulayo? Sasiqhele ukujonga ngazo, sijonge imifanekiso, nje ngolwahlobo. Waze wathi, "Ungakufunda okuya?"

Ndathi, "Ewe, mhlekazi."

Wathi, "Ndifundele yona."

18 Yayine, owu, umhlathi wonke, malunga nokufana *nokuya*. Ndaqalisa, ukuyifunda; waqalisa ukuyitsala inyuke, *ngolwa*hlobo, cotha ngokucotha. Wafumana malunga *nolu* hlobo, ndayeka. Wathi, "Ndingakuxelela into ibenye, ugqithile kumashumi mane."

Ndathi, "Yebo, injalo lonto, kudala ndagqitha."

19 Wathi, "Uyenze njani?" Wathi, "Iliso lomntu, ngokwasendalweni, xa ufika kumashumi amane eminyaka ubudala, njengeenwele zakho ziba ngwevu, nanjalo njalo, ibhola yeliso iba sicaba." Wathi, "Ngoku, ukuba uphila ixesha elide ngokwaneleyo, oko kuyakubuyela kwakhona." Wathi,

"Okwakubona kwesibini, bakubiza njalo. Kodwa," wathi, "umntu, malunga namashumi amane eminyaka ubudala, eneneni baya . . . " Wathi, "Akukho nto ingalunganga namehlo abo."

20 Ndinganakho—ndinganakho ukubona unwele ukuba belulele emgangathweni, ndilususe kum. Kodwa sondela kakhulu kum . . . Waze wathi, "Ngoku, ufunda iBhayibhile yakho," wathi, "uyityhalela kude kuwe." Wathi, "Emva kwethuba, ingalo yakho ayizakubande ngokwaneleyo, de ungabinakho—ngabinakho ukuyisa kude ngokwaneleyo ukuze uyibambe."

21 Waze ke wandenzela iiglasi zamehlo, kwaye indawo engezantsi unakho, yeyokufunda. Wathi, "Ngoku, epulpitini yakho . . . " Wayecinga ndandingomnye waba bahloniphekileyo abashumayeli, niyazi. Waze ke watsho ukuba . . . ni . . . Indawo engasentla nje yeqhelekileyo ifestile yeglasi, nje iglasi eqhelekileyo. Kwaye indawo engasezantsi inohlobo oluthile olugudileyo kuyo, ukuze ndibe nokuyifundela kufutshane, niyazi, ngolwa *hlobo*. Ke ndikuthiyile nje ukuzinxiba; ndinjalo.

22 Kwaye ngoku, emfundisweni yeBhayibhileni, ndaye ndineTestamente Entsha ngobubusuku. Ke iyi . . . NdineTestamente Entsha kaCollins kwaye inokubhalwa okukhulu okuhle. Kodwa ngoku, xana ndibuyela kwenye, ndi—ndisenokufuneka ndiye kwabobahlobo badala, ndize—ndize ngahlobo luthile ndifunde ngazo. Kodwa nantoni na eyiyo, ndi—ndiyavuya ekubeni ndifumene into ethile endi—endisenakho ukufunda. Kwaye—kwaye—kwaye nantoni endinayo, ndizakunika wonke umntu yonke into endinakho, ukwenzela uzuko lukaThixo, ndithemba ukuba Uyakususa lamqondiso wobudala. Andinakumcela Yena asuse ubudala bam. Ndi . . . Ehe, leyo yinto nje enye sonke esifanele siyenze. Sifanele sigqithe kokuya. Kwaye ndiyayazi andiyonkwenkwe encinci njengoko ndandiqhele ukuba yiyo, ndimile apha eqongeni. Ndingamashumi amane anesibhozo ubudala. Kwaye nje cinga, emibini ngaphezulu iminyaka, ndiyakuba ngamashumi amahlanu eminyaka ubudala, Mzalwana uMike.

23 Bethu, andinakho nokuyikholelwa! Mna nje . . . Andizange ndazi ukuba ndandigqithe amashumi amabini de malunga neminyaka emibini egqithileyo. Injalo lonto. Injalo lonto. Mna nje . . . Andizange ndibenokuyikholelwa. Kwaye noko ndi—ndi . . . Kunzima kum ukukholelwa de ndijonge eglasini, kuze emva koko ndi—ndiyazi injalo, ngoko. Kodwa—kodwa nje ekujongeni, ndiziva nje ndilungile njengoko ndakhe ndaziva ebomini bam, kwaye ndinombulelo ngoko, ngokunjalo. Konke ukubonga makube kuThixo.

24 Ngoku, sifundisisa iNcwadi yamaHebhere. Ibe . . . Owu, yenye yezona zinzulu, zityebe kakhulu iiNcwadi zeBhayibhile.

Ndiyanixelela, yiNcwadi ngokwenene eya . . . Ukuba uThixo uyavumela, kwaye thina nje singena koku, Ndiyakholwa siyakufumana amagaqa egolide de sibe siyakukhwaza imibongo kaThixo lonke ixesha. Kwaye ngoku ndi . . .

25 INcwadi yamaHebhere, ngokwenene into Eyiyo, Ifanele ibhalwe ngoNgcwele uPawulos, Umcacasi omkhulu weBhayibhile, ndiyaqikelela, ihlabathi elakhe lanaye, ngaphandle kweNkosi yethu uYesu Kristu. Kwaye uPawulos wayesahlula i . . . Ngoku, uPawulos wayengumfundisi wenene weBhayibhile; oko yiyo, iTestamente Endala. Leyo kuphela kweNcwadi eyabhalwayo ngoko, ebizwa iBhayibhile. Kwaye wayezama ukubonisa kumaHebhere, ukwahlula iTestamente Endala kwaye ebonisa iTestamente Endala ekubeni sisithunzi okanye umzekelo weNtsha.

26 Kanye phaya singabetha umgca wekhaya size sihlale iinyanga ezintathu kanye phaya kulangcinga inye, kanye phaya. Ukubuyela kanye emva, ukuba singatyhila eziBhayibhileni zethu ngoku, kakade sikumaHebhere, isahluko soku-1. Kodwa ukuba siyakutyhila kwiSityhilelo, isahluko se-12, niyakubona ngokugqibeleleyo kwakhona, zinjani izithunzi. Ukuba . . . nina banepensile zenu nenizakubhala phantsi iZibhalo. KumaHebh- . . .

27 KwiSityhilelo i-11, siyafumanisa ukuba uYohane, kwisiqithi sePatimo, wabona umfazi emile ezibhakabhakeni, kwaye wayenelanga entlokweni yakhe nenyanga phantsi kweenyawo zakhe. Kwaye umfazi wayekwinimba yokulunywa, ezakuzala umntwana. Wavelisa umntwana oyindoda. Irhamncwa elibombu lema, ukuze limginye umntwana kwamsinya ezalwa. Waza u—umntwana waxhwilelwa phezulu eZulwini, waze umfazi wabalekela entlango apho wondliwa khona okwexeshana, ixesha, nesiqingatha sexesha, okanye ukwahlulwa kwexesha.

28 Ngoku, umfazi wayemele ibandla, kwaye uMntwana owamzisayo yayinguKristu. Inyanga phantsi kweenyawo zakhe yayingumthetho, ilanga entlokweni yakhe yayilubabalo. Iinkwenkwezi ezilushumi elinambini kwisithsaba sakhe yayingabapostile abalishumi linambini. Kwaye phaya apho, kwi . . . Abapostile abalishumi elinambini yayiluzuko, okanye ukuthweswa kweTestamente Entsha. Yabona? “Kuba akho siseko simbi esinokubekwa kuneso sesabekwayo.” Yabona? Sona, iSiseko, i—iTestamente Entsha, abapostile, iMfundiso yabapostile, nanjalo njalo, sisithsaba sesiseko seTestamente Entsha. Kuze emva koko kwi . . .

29 Inyanga sisithunzi selanga. Ilanga libonakalisa nje ukukhanya kwalo xana lingasemva komhlaba. Kwaye inyanga inika ukukhanya, ukuhamba ngako, ebusuku. Kwaye onjani ukubamhle umfanekiso esinawo apha, omnye umfanekiso omhle: ilanga limele uKristu; i—inyanga imele iBandla. Zifana

nje nomnyeni nenkosikazi. Kwaye ekungabikhoneni koKristu, iBandla libonakalisa ukuKhanya okuncinci, iVangeli. Kwaye i—kukuKhanya ukuba uhambe kuko ade uNyana avuke kwakhona, emva koko iBandla noNyana, inyanga nelanga, zidibane kunye. Yabona? Inyanga yinxalenye yelanga, kwaye iBandla yinxalenye kaKristu. Kwaye ngelixa lokungabikho koKristu, iBandla libonakalisa ukuKhanya Kwakhe. Kuze emva koko njengengqiniseko esinokubanakho ukubona inyanga ikhanya, iyazi ukuba ilanga liyakhanya ndaweni ithile. Kwaye okoko iBandla libonakalisa ukuKhanya kukaKristu, uKristu uyaphila ndaweni ithile. Amen. Yicinge.

30 Ngoku, umthetho yayingumzekelo wobabalo, kodwa umthetho wawungenamandla okusindisa kuwo. Umthetho kuphela wawu . . . Umthetho yayilipolisa. Ipolisa linifaka ejele, kodwa, niyabona, kwathabatha ubabalo ukunikhupha ejele. Yabona?

31 Ke iGazi likaKristu, iVangeli, liyasihlangula kwisono. Umthetho usenza aboni. Umthetho kuphela wathi, "Ungumoni. Uze ungebi. Uze ungakrexezi. Uze ungangqini ubungqina bobuxoki." Yabona? Lipolisa elithi akulungisanga kwaye unetyala. Kodwa iVangeli ziindaba ezilungileyo. UKristu wafela ukusisindisa kuzo zonke iziphoso zethu, izigqitho zomthetho. UKristu wafela ukusikhupha.

32 Ngoku, uPawulos, kwamsinya eguquliwe, zange abuzise nakwesinye isikolo sakwalizwi, engazange abuzise nakwabaphi abalungiseleli. Kodwa niqaphele? Wehlela e-Arabhiya, kwaye wayephaya iminyaka emithathu, e-Arabhiya. Ngoku, lena yi, kwimbono yam, ukuba . . .

33 Ngoku, sifanele sifumane imvelaphi yoku, ukuze sibe siyakuyazi ixhaseka kangakanani. Kwaye isifundo sokuqala, ngobu busuku, sithabatha imvelaphi yethu.

34 Ngoku, uPawulos wayengonjalo umfundisi, ngokuba wayefundiswe phantsi kwalowa mkhulu, walo lonke ixesha odumileyo uGamaliyeli. Kwaye wayengomnye wabangcono abaziwayo bomhla, lowa mkhulu umfundisi womthetho nabaprofeti. Ke, uPawulos wayefundisisiwe kwezo zinto.

35 Kwaye emva koko ndiyamthanda ngale ndlela, esi sikhulu isityhilelo, ethembekile entliziyweni yakhe, umbulali, wayengqinile ekufeni kukaStefano kwaye wabona uStefano esifa phantsi kwamatye namagada okuxulutywa ukuze afe. Ndicinga ukuba kufanele yasondela kufutshane noPawulos xana wabona uStefano ephakamisela izandla zakhe eZulwini, waze wathi, "Ndibona aMazulu evulekile. Ndibona uYesu emile ngasekunene kukaThixo." Waze wathi, "Bawo, uze ungabamiseli esi sono." Waze walala.

36 Ingaba nikuqaphele oko? Akazange afe. Walala. Nje ngohlobo . . . Andikholwa wakhe weva elinye ilitye. Nje

ngokufana nosana esifubeni sikanina, lilala, uStefano walala ezingalweni zikaThixo.

37 Kukho into ethile, malunga noPawulos, eyasondela kuye. Emva koko yena, nayiphi indoda phantsi kokuqondisisiswa, ezama Ukuyilwa, waya kumbingelili omkhulu waze wafumana iincwadi ezithile. Wathi, "Ndiyakubamba bonke abobantu abenza yonke la ngxolo, neza ziphambusa;" ababebalelwa, ebesiyakukubiza namhlanje, abanye "abakrwada ababaxi," okanye into ethile enjengaleya, besenza eninzi ingxolo kwaye bedungadunga. "Siyakuhla nje siyilungise."

38 Kwaye endleleni yakhe eyehlayo, endala encinci. . . hayi enkulu indlela ephakamileyo njengesiyihambayo. Kwaye ezo ndlela ePalestina, nje iindledlana ezincinci, njengendledlana zeenkomo ematyholweni apho inkomo, neegusha, namahashe, needonki, neenkamela, ziya ngaphaya kweenduli.

39 Kwaye uPawulos, endleleni yakhe esehlela eDamasko, malunga nemini-emaqanda, ngenye imini, ukuKhanya okukhulu kwakhanyisela ezantsi kwamkhahlela phantsi. Akukho namnye owaKubonayo kuphela nguPawulos. Ndifuna niqaphele oko. Kwaye kanye apha, oku akujoliswanga siqwini samntu ngoku, kodwa nje sikhokelela kule mvelaphi. Okokuba niyakuyazi ukuba laYesu ukwamnye. . .

40 Ngoku, xana Wayelapha emhlabeni, Wathi, "Ndiphuma kuThixo, kwaye Ndibuyela kuThixo."

41 Ngoku, xana Wakhokela abantwana bakaSirayeli, WayeyiNtsika yoMlilo. Waze Wenziwa inyama, emva koko Wabuyela emva kula Ntsika yoMlilo. Kwaye xana Wadibana noPawulos endleleni eya eDamasko, WayeyilaNtsika yoMlilo, okwakuKhanya, yabona, ukuKhanya okukhulu. Waze wathi uPawulos, "Ngubani lo ndiMtshutshisayo?"

42 Wathi, "NdinguYesu, Lowo umtshutshisayo," ukuKhanya. Owu, akamangalisi Yena? [Ibandla lithi, "Amen."—Mhl.]

43 Kwaye Nanku elapha, ngobu busuku, kanye apha kunye nathi. Wenza umfanekiso Wakhe uthatyathwe kanye phaya, iNto ekwanye, yabona, iNtsika yoMlilo, ukuKhanya, nje into ekwanye njengoko waYenjalo, "Senguye izolo, namhlanje, naphakade."

44 Ngoku amadoda awayenaye akakubonanga okwaKhanya, kodwa Kwakuphaya nje into ekwanye. Iziphumo zinika into ekwanye.

45 Ngoku, ingaba kuyakwazeka ukuba—ukuba umntu othile abone uKristu kwesi sakhiwo kwaye kungabikho namnye ongomnye uMbonayo? Ngokuqinisekileyo. Yenzeka phaya.

46 Yenzeka kananjalo ngobunye ubusuku xana uPetros wayesejele. Kwaye okwakuKhanya kweza ejele, kwachukumisa uPetros, waza wahamba kanye ngakunogada wangaphakathi, unogada wangaphandle, wahamba ngasesangweni, isango

elikhulu, kunye nesango lesixeko. Wathi uPetros, "Kufanele bendiphupha." Kodwa wabhekabheka, kodwa ukuKhanya kwakumkile; uKristu, lowa unguNaphakade, ukuKhanya kwanaphakade. Nankuya Yena. Ngoku, endleleni ezantsi . . .

47 Kwaye khangela, enye into, ukuba besiyakuthetha ngoku, nje ifika engqondweni yam. Kodwa izazi ezalandela iNkwenkwezi, yonke indlela ukusuka e-Indiya, eMpuma, iinyanga, besiza ngeentlambo neentlango (bagqitha ngaphaya kwezakhiwo zokujonga izibhakabhaka; kwaye zagcina ixesha lobusuku ngeenkwenkwezi) kwaye akukho mbhali-wembali okanye nabani owakhe wachaphazela owakhe wabona la Nkwenkwezi kuphela izazi. Yayibhekiselelwe nje kubo ukuba baYibone.

48 Ke ungabona izinto ayakuthi omnye umfo angaziboni. Kuwe, Yinene. Kuye, abayiqondi. Njengenguquko; ungaguquka kwaye wonwabele iintsikelelo zikaThixo, nje—nje usela kwiintsikelelo zikaThixo. Aze umfo olandelayo, ehleli ecaleni kwakho, "Andiboni kwanto." Yabona? Yabona? Yilonto. "Andiyifumani nje. Andiboni imalunga nantoni." Ke, akaYifumani. Yilonto. Apho, ukhoyo.

49 Qaphela ngoku, uPawulos endleleni yakhe ezantsi. Kwaye kwamsinya nje lamava makhulu enzeka kuye . . . Ngoku, wayengonelisekanga . . . Yilonto emenza uPawulos alunge kakhulu.

50 Ngoku, esethu isifundo ngobu busuku asikho nzulu. Sisifundo esinyele, kodwa, owu, siyakungena enzulwini, emva kwethuba. Kodwa esi sesinyele kakhulu isifundo, kodwa nje kukuqalela. Kwaye into esiyiyo, siyinto enye, ukuphakamisa uYesu Kristu. UPawulos, ukuqala.

51 Kwaye ngaphambi kokuba abenokwenza oku, uPawulos wayengumfundi weBhayibhile. Kwaye umfundi weBhayibhile akasokuze aphumlise imfundiso yakhe phezu kwamava. Hayi, mhlekazi. Abasokuze baphumlise imfundiso yabo phezu kwamava. Ungabanalo naluphi uhlobo lwamava. Kodwa lufanele lube ngu ITSHO INKOSI. Injalo.

52 Ngoku, kwiTestamente Endala, babeneendlela ezahlukileyo ezintathu ababenokwazi umyalezo. Kuqala, umthetho, lowo yayingumthetho nje. Emva koko, babeno—nomprofeti; umphuphi; kwaye babene Urim Thummim. Ngoku oko kungaba kunzulu kancinci.

53 I-Urim Thummim yayisisigcina sifuba awayesinxiba u-Aron esifubeni sakhe. Phaya yayingamatye alishumi elinambini: iyaspire, sardusi, kharbankile, nanjalo njalo, ukwehla. Babenawo onke lamatye makhulu alishumi elinambini, ayekwesasigcina sifuba, ebonisa ukuba wayengumbingeleli omkhulu waso sonke isizwe, izizwe ezilishumi elinambini kwaSirayeli. Esi sigcina sifuba sasijinga entsikeni kwela bandla. Kwaye xana umprofeti eprofetile, kwaye babefuna

ukuqinisekisa ukuba yayilungile, okanye hayi, abaprofeti okanye abaphuphi babesima phambi kwale Urim Thummim, kwaye achaze iphupha lakhe okanye umbono wakhe, nantoni ayibonileyo. Kwaye ukuba ukuKhanya okuNgcwele . . . Owu, ingaba niyayibona? UThixo wasoloko ehlala kummango ongaphezu kwendalo. Intlanganisela, ezo zikhanyiso, zaziqhelekile nje de eli lizwi laphuma. Kwaye xana izwi libetha loo matye, ukuba belingekho ngaphezu kwendalo, ibingashukumi. Kodwa ukuba lalingaphezu kwendalo, ezo ziKhanyiso zonke zibonakalisa ibala lomnyama ngokudibeneyo. Amen. Emva koko, lowo yayinguThixo ethetha, "Lowo ngumprofeti wam." Okanye, "Elaphupha liphuma kuM." Ibengokwe Urim Thummim ababegweba ngayo.

54 Khumbulani uSawule xana wawayo? Wathi wayengenakho ukuba nephupha. Kwaye umprofeti, uSamuweli, wayefile, kwaye kungekho ndlela. Wathi, "Nkqu i-Urim ayisayi kuthetha nokuthetha nam." Akukho kwanto. USawule wema phambi kwe Urim, kwaye amazwi akhe yayizizithonga ezifileyo. Yabona? UThixo wamala nje. Kwaye la Urim Thummim, yayibubungqina bobubingeleli buka Aron. Emva kokumka kuka Aron, uMoses, i—inkcenkce yayijinga kwintsika.

55 Ngoku, ububingeleli buka Aron baphela xana uYesu wafayo. Kwaye ngoku, ukwahlula umthetho kubabalo, sisenayo i-Urim Thummim. Kwaye uPawulos wayesebenzisa Yona. Yabona? I-Urim Thummim namhlanje leliNgenakufa, laNaphakade, laphakade iLizwi. Yabona?

56 "Lowo uyakususa nantoni na kuleNcwadi, okanye ongeze nantoni kuYo." Andifuni nanto engaphandle kwaYo, kodwa ndifuna konke Enako. Elo liBandla esilifunayo. Kwaye zonke izinto kufuneka ziqondakalaliswe ngeLizwi.

57 Eso sisizathu ndiye ndakhiqeka phakathi kwabantu bePentekoste kutshanje, ngokuba, ukuthi, "Andibanga nako ukukuqonda apho i-oli yehla khona ezandleni zakho, okanye igazi ebusweni bakho, yayingumqondiso wokuba ninoMoya oyiNgcwele." Oko akukho ngokweSibhalo kwaye a—andibanga nakho ukuyithabatha. Ifanele ize isuka eLizwini.

58 Kwaye ngoku, uPawulos, wayelithanda nje iLizwi. Ke, phambi kokuba wakhe wangqina lana makhulu amava awayenawo, wemka wehlela eYiphutha iminyaka emithathu. Ndiyakholwa yayiyiminyaka emithathu, iminyaka emithathu ezantsi eYiphutha. Kwaye niyazi endikholelwa wakwenza? Ndiyakholwa ukuba wathabatha iTestamente Endala, waza waphanda kwiTestamente Endala, waza wafumana ukuba Okuya ngokwenene yayinguMesiya woqobo. Kwafuneka abonakalise amava akhe ngeBhayibhile. Amen. Owu, bethu!

59 Jongani kuye xana wayesejele. Niyaqaphela, kukho i—isithuba ebomini bukaPawulos xana wayesejele phaya

okwexesha elide. Wabhala iNcwadi yama-Efese. Wabhala leLeta yesiHebhere. Yabona? Wayenexesha. UThixo wambeka ecaleni ngaphaya phaya ejele, kwaye wabhalela emabandleni eziLeta. Enye kwibandla lase Efese. Wabhalela enye kwibandla lePentekoste, enengxaki ezininzi ngalo. Ibandla lamaPentekoste wayenengxaki eninzi ngalo kunaye nabani ongomnye. Nangoku usenayo. Kodwa wayenombulelo ngabo. Kuphela kwento awayenokubafundisa . . . Xa bengena: omnye wayenelwimi, omnye enendumiso, omnye enemizwa, omnye enemvakalelo. Wayengenakuthetha, athethe kubo, "Ukhuseleko lwanaphakade." Wayengenakuthetha kubo, "umiselo lwexa lwangaphambili." Wayengenakuthetha kubo, babeziintsana. Bonke kwakufuneka be—kwakufuneka beve into ngokuvakalelwa, okanye babone into, okanye babeneemvakalelo ezingaqhelekanga, kwaye, okanye into ethile ebangqongileyo, ubungqina obuthile.

60 Kodwa ndiyakholwa, xana wathetha kuma Efese, wayenokuthetha ku, "Thixo wasimisela ngexa elingaphambili ukuba sibe ngoonyana nentombi, wasenza abantwana kuYesu Kristu phambi kokusekwa kwehlabathi." Khangela kokuya. Bethu!

61 Bukela yena esiza ngaphaya kwiNcwadi yabaseRoma, nanjalo njalo. Babekhulile. Owu, bathetha ngeelwimi, ngokuqinisekileyo, kwaye babenayo eminye imiqondiso kaMoya oyiNgcwele phakathi kwabo. Kodwa abazange benze zimfundiso, namizwa, nakungcangcazela, neemvakalelo ezingaqhelekanga.

62 UPawulos wathi, "Ni—ni—niyayibaxa ngokuya. Xana benifanele niyafundisa, niseziintsana kwaye nisafanele ukufumana ubisi."

63 Ngoku, oko koko ebendisoloko ndizama ukumelana nalomnquba ukuba ube kuko, hayi igquba leentsana. Masibe ngabakhulileyo. Sime endleleni. Owu, bethu! Nantso ke.

64 Ke, uPawulos wehlela phaya, kuqala, ukuya kubona ukuba amava akhe ayangqinelena neBhayibhile kaThixo.

65 Owu, ayiyi kumangalisa, namhlanje, ukuba abantu benza kuphela okuya kwakhona, ukuba senza amava ethu angqinelana neBhayibhle kaThixo? Ukuba awenzi njalo, ngoko amava ethu awalunganga; awadanyazi kwi Urim Thummim. Ukuba iyadanyaza Phaya, amen, yazi uYifumene. Kodwa ukuba ayenzi, ethile . . . Andikhathali ikhangeleka njani lungileyo, injani ukuba yeyenene ukukhangeleka iyelungileyo; ukuba ezo zikhanyiso azizange zadanyaza kula Urim Thummim, yayingalunganga.

66 Kwaye akukhathaliseki angakanani amava othe wanawo, kungakanani ukuba yinene ukuba ngawo, kungakanani ukubonakala kakuhle kwawo, afunde kangakanani, esinjani

isixhobo sokuzuza imiphefumlo; ukuba awadanyazi eLizwini, awalunganga. Injalo. Afanele abesemgceni neLizwi.

67 Ngoku, ndiyakholwa kwi...kukho umbindi wendlela. Indlela, ngoku, ngamaxesha aminzi...Ndandiqhele ukuya kwibandla lamaNazarene. INkosi ibasikelele abo bantu. Awohlobo lakudala, angcwalisiweyo amaWisile yilonto bayiyo; ibandla likaThixo, iNazarene, iPilgrim Holiness, kunye namaninzi walomabadla madala obungcwele. Kwaye ayeqhele ukucula ingoma:

> Ndihamba kwendala enkulu ephakamileyo indlela,
> Ndixela naphina apho ndiya khona,
> Ndikhetha ukuba ngowexesha lakudala umKristu, Nkosi,
> Kunayo nayiphi into endiyaziyo.

68 Balungile. Bayamangalisa. Kwaye babeqhele ukuthetha malunga nendlela ephakamileyo yobungcwele. Ngoku, ukuba nifunda ngaphaya kokuya, bakufumana okuya ku Isaya, isahluko sama-35. Ngoku, ukuba niyaqaphela, wathi, "Kuyakubakho indlela ephakamileyo, *kunye* nendlela."

69 Ngoku, u-*kunye* sisidibanisi. Yabona? Indlela ephakamileyo, yayingeyondlela ephakamileyo yobungcwele. "Iyakuba yindlela ephakamileyo, *kunye* nendlela, kwaye iyakubizwa, 'Indlela yobungcwele'" hayi indlela ephakamileyo yobungcwele. "Indlela yobungcwele!" Kwaye indlela yendlela ngumbindi wendlela. Yakhiwa ngokufana *noku* ukuze amanzi ahlambele inkukuma, kumacala omabini, ukugcina indlela icocekile. Anikwenzi, unodaka lumi endleleni yakho, lonke ixesha, ukuba ayakhiwanga kakuhle. "Indlela" ngumbindi wendlela.

70 Ngoku, kw*eli* cala, xana abantu beguquka, iingqondo zabo ziba kuKristu. Kwaye ukuba nje baba ngabafundileyo kancinci, kwaye bangahlali phantsi komthandazo, bayakuba ngababanda ngenene, baze babelukhuni, kwaye bome, abangenamdla. Kuze emva koko ukuba nje babaphakuphaku kancinci, ukuba akuqapheli, bayakungalawuleki kwaye babendlongondlongo, kw*eli* cala, yabona, bangene kwimizwa nayo yonke into.

71 Ngoku, kodwa, iBandla lenene yiVangeli ebhadle ngenene, kanye embindini wendlela. Ayibandi kwaye ingomanga, ingesiso nesibaxo. Iyelunge ngenene, endala, efudumeleyo iVangeli, oluvakala entliziyweni uthando lukaThixo, isehla kanye ngombindi wendlela, ibiza macala omabini. Injalo lonto. Ngoku oko koko...Kwaye nizakulifumana njani ela Bandla? Kanye okuphuma eLizwini, i-Urim Thummim.

72 Ngoku, uPawulos wafuna ukuzisa eli bandla kanye embindini wendlela, ke wahamba waya kufundisisa iminyaka emithathu kwiZibhalo awayezazi. Ngoko ke, uPawulos wabhala indawo enkulu yale Testamente iNtsha. UThixo wamenza wenza

oko ngokuba kusiza isigaba seNtlanga. UMateyu, Marko, Luka, noYohane, iiVangeli ezine, babengamaYuda. Kodwa uPawulos wabhala ezona zininzi iileta.

73 Ngoku qaphelani, ngoku, sizakuqalisa ukufumana lemvelaphi ngoku, apho akhoyo, eYibhala, esejele. Kwaye wayenawo onke la mava. Kodwa, kuqala, la mava aqinisekiswa kuqala, kwaye lena yileta esisitixo sakhe kulo. Lena yileta yakhe esisitixo. AbaseRoma nabase Efese, nanjalo njalo, banendawo yabo, kodwa lena yileta esisitixo.

74 Ngoku, sonke isahluko soku-1, yi, ukuphakamisela phezulu uYesu, nokumahlula Yena ekubeni ngumprofeti. Lowo ngumxholo wonke ngoku. Ndiyakuzama ukungena kuwo kanye ngokukhawuleza njengokuba ndinakho, ukuze singahlali xesha lide. Umxholo wonke, kuku, ukwahlula esitsha isahl-. . . sitsha . . . Isahluko soku-1, kuku, ukwahlula uYesu nakuwuphi umprofeti, okanye nakuwuphi umthetho, okanye njalo njalo, nokubonisa nguBani uYesu. Ngoku khangela, "UThixo." Siyaqalisa, igama lokuqala, "UThixo."

UThixo, kud- . . . *yena kumaxesha akudala* . . .

Kudala kuthetha "mandulo," ixesha langasemva.

. . . *kumaxesha akudala nangeendlela ezininzi wathetha kwixesha elidlulileyo koobawo ngabaprofeti,*

75 Ngoku, yabona, "UThixo, kumaxesha akudala, mandulo, Wathetha koobawo ngabaprofeti." Leyo yindlela ekwafuneka Anikeze uMyalezo Wakhe, ngabaprofeti Bakhe.

76 UThixo ubeya kuthumela abaprofeti Bakhe njengo Eliya, Yeremiya, Isaya. Kwaye ukuba niyaqwalasela, zange kuyo yonke indalo yehlabathi, lakhe ibandla lavelisa umprofeti. Phengululani kwiTestamente Endala, iTestamente Entsha, okanye kulomhla, kumhla wokugqibela. Ndiboniseni nawuphi umprofeti wakhe wavuswa ephuma bandleni kumhla wokugqibela. Ndibonise abe mnye owakhe wavela, ngaphandle. Kwaye ndiboniseni ixesha elinye awakhe umprofeti, isicaka senene sikaThixo, engazange inkqubo yobucawa behlabathi imgwebe.

77 Cinga nje ngayo. UYeremiya, Isaya, bonke ukwehla ngeTestamente Endala, bayigweba. UYesu wathi, "Nihombisa amangcwaba abaprofeti niwenze abe mhlophe, kwaye nini enibafake phaya." Injalo lonto.

78 Ibandla liqhubela phambili lonto. Khangela koNgcwele uPatrick. Nina bantu bamaKatolika niyambanga. Akasenguye umKatolika kunokuba ndinguye. Injalo lonto. Kodwa niyambanga.

79 Khangela koNgcwele uFrancis wase Assisi. Niyambanga. Akasenguye umKatolika kunokuba ndinguye.

80 Khangela kuJoan wase Arc. Namtshisela esibondeni, njengegqwirha, ngokuba wabona imibono kwaye engowomoya. Namtshisela esibondeni. Kwaye lamfazi ekhalela inceba, kwaye bamtshisela esibondeni. Malunga nekhulu leminyaka kamva, bafumanisa ukuba wayengumprofetikazi. Wayesisicaka sikaThixo. Owu, kakade, nenza isohlwayo esikhulu: nomba imizimba yabapristi nayilahla emlanjeni.

81 "Nihombisa amangcwaba abaprofeti, nize nibafake phaya." Kunjalo. Ayizange inkqubo yobucawa ivelise indoda kaThixo; zange yayenza, ayiyenzanga namhlanje, kwaye ingasokuze iyenze. Inkolo eyenziwe umbutho ayizange ibe ngumxholo kaThixo.

82 Elona lidala ibandla elingumbutho ehlabathini libandla iKatolika; uLuther, wesibini; emva koko kuze uZwingli; emva koZwingli, kuza uCalvin; UCalvin, kuyo, iTshetshi, Anglo-Saxons ukunyuka, emva koko ibandla iTshetshi; kwaye uKumkani uHenry weSibhozo, xana waqhankqalazayo, nanjalo njalo; nangokwehlela kubuMethodist bukaWesley, amaNazarene, iPilgrim Holiness; nokuqhubeka ukwehlela kwelokugqibela, yiPentekoste, bonke bazenze umbutho. Kwaye iBhayibhile ngokuphandle ifundisa ukuba ibandla iKatolika lingu—lingumfazi odume kakubi, kwaye amabandla amaProtestanti nemibutho yabo ziintombi zayo, iSityhilelo i-17. Lonto yiyo ngqo. Ke wona a . . .

83 Hayi abantu, ngoku. Kukhona abalungileyo kuwo onke amabandla; abangcwele, abantu abasindisiweyo. kodwa uThixo akabizi abantu Bakhe ngombutho. Ubabiza ngamnye ngamnye. UThixo uqubisana ngamnye ngamnye, nokuba ungumWisile, Bhaptizi, Protestanti, okanye Katolika, okanye uyintoni. UThixo, phambi kokusekwa kwehlabathi, wakwazi, wakumisela ngexa elingaphambili kuBomi obunguNaphakade, okanye wawumiselwe ngexa elingaphambili kulahleko lwaNaphakade. Hayi . . .

84 Wayengafuni ukuba utshabalale, ubuya kutshabalala. Kodwa, Yena ekubeni engongenasiphelo, kwafuneka Azi isiphelo sukela ekuqalekeni, okanye AkangoThixo. Ke uYesu akazange eze emhlabeni nje ukuzokuthi, "Ke, ndiyakubona ukuba umntu othile uyakubanenceba . . . Ukuba ndiyenza ndize ndife, ngendlela enzima, mhlawumbi bayakucinga, 'Ke, ndi . . .' Iyaku—iyakucenga iintliziyo zabo, kwaye bayaku . . ." UThixo akaqhubi mcimbi wakhe ngolohlobo.

85 UYesu wezela injongo enye engqalileyo, oko, ukusindisa abo uThixo, ngaphambi kokusekwa kwehlabathi, waziyo bayakusindiswa. Watsho njalo. Injalo lonto. Ke ni . . . "Asinguye othandayo, okanye obalekayo; nguThixo obonakalisa inceba." UPawulos watsho oko. Indoda enye apha.

86 Wathi, "Eso sisizathu uThixo ebenokuthi, ngaphambi ko Esawu okanye uYakobi wazalwa, Wathi, 'ndamthanda omnye ndamthiya omnye.'" Ngaphambi kokuzalwa nayiphi inkwenkwe, uThixo wayazi ukuba u-Esawu wayengunomaqhingana, kwaye Yena wayazi ukuba uYakobi waye e . . . wayebuthanda ubuzibulo bakhe. Ke Wayazi, kwangaphambi kokubunjwa kwehlabathi, malunga nayo. Ngoku, sizakufumanisa emzuzwini yayiNgubani lowo wayaziyo. Esi sahluko sinayo.

> UThixo, . . . kumaxesha *akudala na*ngeendlela *ezininzi* wathetha . . . *koobawo ngabaprofeti,*
>
> *Uthethe ngale mihla yokugqibela kuthi ngoNyana wakhe, . . .*

Wenze ntoni? "Uthethe kuthi kule mihla yokugqibela ngoNyana Wakhe."

87 Ngoku, ubuyakucinga njani ngoko, okokuba, ibiyakuba yintoni umprofeti? Ingaba besiyakuba nomprofeti ngoko walo mhla? Ngokuqinisekileyo. EbeyaKuthetha ngathi? Ngokuqinisekileyo. Kodwa lowo u . . . Abaprofeti bemihla yakudala babenguMoya kaYesu Kristu.

88 Ngoku, masenze oko kucace, kuba andicingi iyangenisisa kakuhle. Ngoku, oku kunjengeSikolo seCawa, ke sifuna ukwenza oku kucace. Yabona?

89 Qaphela. Masithabathe uMoya kaThixo owawukuMoses, ngokugqibeleleyo u . . . sisibonakaliso santlandlolo sikaYesu Kristu. Zonke izimilo zeTestamente Endala zabonakalisa kwantlandlolo umnqamlezo. UMoses, wazalwa engumntwana ofanelekileyo, wafihlwa emikhanzini, wasuswa ebazalini bakhe, nanjalo njalo, kwaye wa . . . Wayengukumkani, okanye i—inkokheli, umniki-mthetho, umthetheleli, umbingeleli. Yonke into awayeyiyo yayibonakalisa kwantlandlolo uKristu.

90 Jonga kuYosefu, ethandwa nguyise, ethiyiwe ngabantakwabo, kwaye wathengiswa phantse amashumi amathathu esilivere. Waphoswa emhadini, kwakhangeleka ngathi ufile; wakhutshwa. Ekutshutshisweni kwakhe, umngcamli wasindiswa, umxheli walahleka; amasela amabini emnqamlezweni. Kwaye ngoko xana waphumayo, wenyukela ngaphandle kwalamhadi, waze wahlala ngasekunene kukaFaro, eyona ndawo inkulu yorhwebo . . . i—i—isizwe esalongamele lonke ihlabathi. Kwaye kungekho mntu onokuza kuFaro ngaphandle aze ngoYosefu; UYesu ehleli ngasekunene kukaThixo, kwaye akukho mntu unokuza kuThixo ngaphandle kokuza ngoKristu. Kwaye xana uYosefu washiya esa sihlalo sobukhosi waza waqalisa ukuphuma, amadoda ayehamba phambi kwakhe, ekhwaza kwaye evuthela amaxilongo, evakalisa amaxilongo, esithi, "Guqani ngedolo! UYosefu uyeza."

91 Kwaye xana uYesu esiza, ixilongo liyakuvakala, kwaye onke amadolo ayakuguqa, nalo lonke ulwimi luyakuvuma. Ewe, mhlekazi. Nankuya Yena.

92 Kwaye xana uYosefu wafayo, washiya isikhumbuzo kubo ababelinde ukukhululwa.

93 Ndibeka isandla sam kwibhokisi endala, apha kungekudala, yayenziwe ngelote. Kwaye umzimba wakhe wawufanele uhlale . . . amathambo akhe . . . Wathi, "Ningandingcwabeli apha, ngokuba ngenye imini, uThixo uzakunindwendwela." Wayengumprofeti. "UThixo uzakunindwendwela." Waze wathi, "Xana ninyuka nisiya kwilizwe lesithembiso, thabathani amathambo am."

94 Wonke omdala umHebhere, enomqolo obethiweyo negazi, wayenokujonga ngaphaya kulabhokisi athi, "Ngenye imini, siyakuphuma."

95 UYesu washiya isikhumbuzo, ingcwaba elingenanto. Ngenye imini xana sisiya ngaphaya engcwabeni, kwaye abathandekayo bethu, size sive amadala amancinci amagada, xana besithi, "Uthuthu eluthuthwini, nothuli eluthulini, nomhlaba emhlabeni." Kodwa, mzalwana, singajonga ngaphaya kolwandle, kwingcwaba elingenanto. Ngenye imini, siyakuphuma apha. Siya eKhaya. Uyeza. Yonke into yayizekeliswa.

96 Khangela kuDavide, eliwe ngabantu bakokwabo, esuswe esihlalweni sobukhosi ngabantu bakokwabo. Ekubeni engukumkani waseYerusalem, wakhutshelwa ngaphandle eYerusalem ngabantu bakokwabo. Kwaye njengoko esimka enyuka iNtaba yeMinquma, wajonga ngasemva walila. Wayeliwe.

97 Amakhulu asibhozo eminyaka ukusuka ngoko, uNyana kaDavide, uKumkani waseYerusalem, wahlala endulini walila, kuba Wayeliwe.

98 Lowo yayinguMoya kaKristu kuDavide. Konke kuxela kwantlandlolo umnqamlezo. Bona abaprofeti emva phaya bathetha eGameni Lakhe. Baphila eGameni Lakhe. Benza eGameni Lakhe. Ngokuqinisekileyo. "UThixo kumaxesha akudala nangeendlela ezininzi wathetha koobawo ngabaprofeti, kodwa kulomhla wokugqibela uthethe ngoNyana Wakhe."

99 Ke abaprofeti kunye nabantu abanomoya, ngalo mhla, kuphela sisibonakaliso sikaKristu. Phaya, ngomthetho bema, bakhangela. Ngapha bayema, bejonga ngasemva ngenye indlela, ngobabalo.

100 Oko kumaHebhere i-11, isahluko sokugqibela, ndandisoloko ndimangala. Kwisahluko sokugqibela, indawo yokugqibela yesahluko se-11 samaHebhere, xana ethetha ngo Abraham. Isahluko sokholo olukhulu, kwaye ekugqibeleni, wathi,

"Babhadula ngeemfele zeegusha neemfele zebhokhwe, kwaye benziwa balambatha, basarhwa kubini. Babhadula, kungekho ndawo yakuya, bethiyiwe, kwaye becekisiwe, kwaye betshutshiswa. Bona, elihlabathi lalingabafanelanga abantu abanjalo."

101 Emva koko uPawulos wema wathi, "Kodwa ngaphandle kwethu abagqibelelanga." Kuba bakhangela kuphela emnqamlezweni, kwaye sikhangela *ngo*mnqamlezo. SinoMoya kaKristu emveni kokuba Ube yinyama yomntu wahlala phakathi kwethu. Siza apha ngoMoya oyiNgcwele, ntoleyo ilicebo elingcono kakhulu.

102 Kwaye ngamanye amaxesha ndiyamangala oko ubuKristu bulindele yona namhlanje. Umshumayeli esiya edolophini kufanele abe . . . okanye elithile elitsha ibandla okanye ethile entsha inguqulelo, azibize umprofeti, anyukele phaya, athi, "Kulungile, ukuba bayakundinika imali engako. Ukuba ndingaba nemoto engcono. Ukuba baya . . . Ukuba umvuzo wam uyakwenyuka qho ngenyanga ezintandathu."

103 Kufanele sibe nokungcono. Kufanele sibe nezindlu ezingcono. Kufanele sibe neempahla ezingcono. Yintoni esiyakuyenza xana simile ebukhoneni babo bantu babhadulayo, ngeemfele zeebhokhwe neemfele zeegusha, kungekho ndawo yokubeka iintloko zabo, bebhadula kwiintlango? Kwaye umntu othile angahlekisa ngathi kwaye sesilungele ukuyeka ebandleni size singabuyeli kwakhona. Yintoni ubuKristu obuyifunayo namhlanje. Kufanele sibe nentloni ngeziqu zethu.

Owu Thixo, yiba nenceba kuthi.

104 Ngala mhla, Wathetha ngabaprofeti, kodwa ngalo mhla ngoNyana Wakhe. Elo yayiliLizwi lomprofeti, phaya. Eli liLizwi loNyana, namhlanje. Owu, malisikelelwe iGama leNkosi!

105 Ngamanye amazwi, ukuba ukhangela kwisithunzi, icala langasemva, ungenza impazamo. Kodwa Oku kuvelisiwe, umfanekiso uyacaca. Lowo yayingumrofeti; oku kungoNyana Wakhe. Okuya kwakungokwecala langasemva; oku licala langaphambili. Amen. Niyayibona? Akukho thuba lakuphulukana nayo. Yinto eyiyo, lo mhla ngoNyana Wakhe. Owu, imangalisa kanjani!

> . . . *lowo wamanyulayo abe yindlalifa* . . . (owu, bethu) . . . *indlalifa yento zonke,* . . .

106 Yayiyintoni? Yayilulwanyulo. Owu, phulaphulani. Wenyulwa, uKristu, indlalifa yento zonke. Owu, umtyholi wakwazi oko, ukusuka emyezweni wase-Edeni, niyabona, xana umtyholi weva ela Lizwi phaya ngala mini, emgwebeni wabo bantu. Wathi, "Ngokuba nisuka eluthulini; niyakubuyela eluthulini; kwaye iMbewu yomfazi iyakutyumza intloko yenyoka." IMbewu yesithembiso.

107 USathana wasoloko eqaphele laMbewu. Xana u-Abheli wazalwa, wathi, "Nankuya, leya yimbewu." Waze wambulala u-Abheli. Unyana wakhe, uKhayin, wabulala u-Abheli.Kwaye kwamsinya wafayo u-Abheli, wathi, "Ndiyifumene imbewu." Wayixhela. Wathi, "Ndiyifumene." Kodwa ukufa kuka Abheli, uzalo lukaSete yayiluvuko kwakhona. Qaphela indlela ebeza besihla ngayo.

108 Lamgca kaSete, uyehla, ethobekileyo, indoda elilungisa; ukwehla ngo Enoki; ukwehla ngoNowa, ukuya ekugqibeleni kwintshabalalo kanogumbe.

109 Jonga kumgca kaKhayin, baba ngabakrelekrele abantu, abafundileyo, inzululwazi. Ayitshongo na iBhayibhile,. . . Akatshongo na uYesu, ukuthi, "Abantwana belihlabathi balumke kakhulu kunaBantwana boBukumkani"? Jonga kwicala likaKhayin nanamhlanje: bakrelekrele, bafundile, bayakrokra, banenkolo kakhulu; yabona, banenkolo kakhulu, kodwa inzululwazi, abakhi, amadoda abalulekileyo.

110 Thabatha amadoda abalulekileyo. Khangela kuThomas Edison, amaninzi amadoda abalulekileyo. Khangele ku-Einstein, ubuchopho behlabathi, ukutsho, namhlanje, ubuchopho behlabathi. Kodwa asizami kusebenzisa buchopho. Sivumela iNgcinga eyayikuKristu ibekuthi, kwaye sijonge kweli Lizwi, size sikubize okuya kunjalo.

111 Oogqirha bamayeza, nangona sibakhahlela ngako konke esinako, kodwa ubuninzi babo bayakrokra, abakholwa. Jonga kwabakrelekrele nabahlakaniphileyo abantu namhlanje. Bakwelacala ngaphaya, icala likaKhayin.

112 Kodwa jonga kwabathobekileyo nabanobulali. Naluya uvuko lwakho kwakhona. Owu, malisikelelwe iGama leNkosi. Nantso ke. Qwalasela.

> . . . wamenza *indlalifa yento zonke, kwangaye wenza ihlabathi;*

Ngubani owenza ihlabathi? UKristu. "UKristu wenza ihlabathi?" Ewe, mhlekazi. Masihambele phambilana.

> *Elubengezelo lobuqaqawuli bozuko lwakhe, nokubonakaliswa komfanekiso* wobukhona *bakhe,* . . .

Ubengezelo lozuko lukaBani? Uzuko lukaThixo. Ukobonakaliswa komfanekiso woBukhona bukaBani? BukaThixo. Owu, ndiyakuthanda oku!

> . . . *okanye ukubonakaliswa komfanekiso wesiqu sakhe, nokuzithwala zonke izinto ngelizwi* . . .

Nantso ke. ILizwi, elithwele zonke izinto. Wathi uYesu, kuMateyu ama-24, "Amazulu nomhlaba ayakugqitha, kodwa aMazwi aM akayi kugqitha." Uthwele zonke izinto.

113 Inzululwazi izama ukuLithoba, ize ithi, "YiNcwadi endala. Ibe iguqulelwe."

114 Nkqu nebandla leKatolika yobuRoma, uBhishophu Sheen wathi, "Leyo iguqulelwe amatyeli amane okanye amahlanu, kwaye okukho okungako kuYo. Ubungenakuphila ngaYo ukuba bekufanele wenze." Kodwa Uthwala izinto zonke ngeLizwi Lakhe. Amen. Yilonto endiyicingayo malunga naYo. Ndiyayikholelwa iBhayibhile.

> . . . *ilizwi lamandla akhe,* (kukho amandla eLizwini), *xana ngokunokwakhe wenza intlambululo ngezono zethu,* . . . (jonga apha) . . . wahlala *phantsi ngasekunene kobuKhulu enyangweni;*

115 Yintoni uPawulos azama ukuyenza? Uzama ukubonisa ukuba uThixo wazimisela zonke izinto kuKristu, kwaye uKristu wayekukubonakaliswa komfanekiso kaThixo. Yonke inxalenye yesahluko iqubisana nendlela Awayengaphezulu ngayo kuneeNgelosi, engaphezulu kunawo onke amandla. IiNgelosi zaziMnqula. UPawulos wayezama ukuMenza mkhulu.

116 Ngoku, ndifuna ukuzama . . . Ukuba andifikeleli kudana kunoku, inxenye yayo kukwenza nje mkhulu uKristu. Yintoni uPawulos ayitshoyo ngapha, njengakwisahluko se-11, nako konke malunga nokuthetha malunga nehlabathi. Wathi, "Yeyiphi—yeyiphi iNgelosi Awakhe wathi, 'Wena unguNyana waM, ngayo lemini ndikuzele Wena'?" Yabona?

117 "Isiphelo sehlabathi, liyakutshabalala. Ihlabathi liyakutshabalala. Kodwa i . . . Kwaye zonke izinto zehlabathi ziyakutshabalala. Uyakuzisonga njengengubo. Ziyakubandala, kwaye ziguquke, zize zimke. 'Kodwa Wena uyakusala. Uyakusala ngonaphakade. Wena unguNyana waM. Ngayo lemini ndikuzele Wena, kwaye akuyi kutshabalala, uhleli ngasekunene kobuKhulu.'"

Kuthetha ntoni *ngasekunene*? Hayi, uThixo unesandla sasekunene anokuthi umntu ahlale kuso. *Ungasekunene* uthetha a "mandla negunya," unegunya layo yonke into eZulwini nasemhlabeni. Kwaye onke amaZulu nomhlaba enziwe nguYe.

118 Ngoku, Ngubani leNdedeba inkulu, loMfo mkhulu, uKristu? Apha uThixo kuYise, Nyana, noMoya oyiNgcwele, asibo . . . Bubutriniti, kodwa asibobutriniti babantu. Bubutriniti besikhundla, soThixo omnye.

119 WayenguYise ekhokela abantwana bakaSirayeli. Eso yayisisikhundla Sakhe, uYehova uBawo omkhulu. Kwaye Wahlala emhlabeni, ebizwa Nyana. Kwaye ngoku Uhlala eBandleni lakhe, ebizwa Moya oyiNgcwele. Hayi ooThixo abathathu; uThixo omnye kwizikhundla ezintathu: Yise, Nyana, noMoya oyiNgcwele.

Abantu bazama ukuMenza ooThixo abathathu abohlukeneyo, uThixo uYise. Eso sizathu, amaYuda, anisokuze, anisayi kuzisa oku kumYuda, hayi, okuya phaya. Akanakho. Unomyalelo, wokuba, "NdinguThixo oMnye." Mnye kuphela uThixo.

120 E-Afrika babhaptiza ngeendlela ezahlukeneyo ezintathu: babhaptiza kubekanye kuYise, kubekanye kuNyana, kubekanye kuMoya oyiNgcwele. I-Apostolic Faith mission, babhaptiza amatyeli amathathu, ubuso ngaphambili, ekufeni Kwakhe. Oko bakubiza Full Gospel kuLwandlekazi lwaseNtshona, okanye kuLwandlekazi lwaseMpuma, babhaptiza amatyeli amathathu ngasemva, bathi yena . . . ekungcwatyweni Kwakhe.

Kwaye wathi, "Xana wafayo Yena, Wawela ngaphambili."

121 Omnye wathi, "Yima. Kufanele umngcwabe umntu ngomva wakhe." Nje ubuchule obudala obuncinci bezinto, xana, bobabini bephosile; bobabini baphosile, ngokweSibhalo.

Lena yi Urim Thummim. Iyayisombulula.

122 Ngoku, apha, masikubone okuya ngokomfanekiso sibone yintoni—yintoni okukhangeleka njengako, ngobu busuku. Nantsi ke, ukuba nifuna ukuyibona. Kuko konke okumalunga namashumi amabini anesihlanu eminyaka ndingumlungiseleli, ndikufundisisile okuya. Kwaye ndasoloko ndimangele kwizipho zebandla. Yintoni ezo zipho? Isiprofeto, ukuthetha ngeelwimi, ukutolikwa kweelwimi, isityhilelo esiNgcwele, njalo njalo, okokuba zonke ziza ngoKristu.

123 Ngoku khangelani. UKristu yiNtloko yento zonke. Kwaye Yena yiNtloko yeBandla. Kwaye ingaba wakhe wayibona idayimani enkulu? Idayimane enkulu etshwezwe kakuhle, inemitshwezo ephume kuyo, itshwezwe ukuphuma kuyo. Oko kwenza idayimane elungileyo. Yeyantoni la mitshwezo? Idayimani yenene, indlela eza ngayo, ikhandanisiwe; idayimani yenene, xa ifunyenwe.

NdandiseKimberley. Nina, abaninzi benu, abavileyo unokuchola idayimani esitratweni, injalo lonto. UBilly nam, noMnu. Bosworth. Umongameli wemigodi yedayimani yaseKimberley, uthathe . . . Wayengumncedisi wam emhlanganweni phaya. Kwaye basithatha basisa ngaphaya. Kwaze nje phandle kwe . . . Bayazomba malunga, owu, malunga neenyawo ezingamakhulu alishumi elinesixhenxe phantsi komhlaba. Zaphuma, ilitye eluluhlaza, elikhulu eluluhlaza, njengelilitye liluhlaza enilufumanayo khona apha. Kwaye abobemi, bababeka kumakhulu alishumi elinesixhenxe eenyawo emhlabeni, ukuba bazombe, ukugcina ixabiso liphezulu. ubusaya kuya emlanjeni phaya, banawo ugadiwe amakhulu eemayile. Ithabatha amabhakethi amabini azigaloni ezilishumi, wathi, bayichole, izele yi—yintlabathi, kwaye ukuba ungagoduka nayo, ubuya kuba ngusozigidi ophindaphindeneyo,

bekuya kubakho iidayimani ezininzi kuyo. Kodwa kufanele basebenze benze umgodi, ukugcina ixabiso linyukile kuzo.

124 Ngoku, idayimani, xa ivela, iyenkulu nje, empuluswa, engqukuva, ngokufana, neceba leglasi. Kukho idayimani eluhlaza, idayimani emnyama, ilitye elinqabileyo, nedayimani ecacileyo, idayimani emhlophe. Kodwa xana ivela . . . Ngoko xana isenziwa ize ibekelwe ukusetyenziswa, kukho inxalenye yaladayimani ekufuneka iphulukane nayo. Kwaye kufuneka iphulukane ne—nemitshwezo yayo. Uqonqe imitshwezo emincinci, ngokuba, xa ifika ekujonganeni nokukhanya, *ngola*hlobo, yenza ubengezelo. Umtshwezo, koko okwenza ubengezelo, indlela esikwe ngayo. Ukusikwa kwayo, kutsheza, kuze emva koko, xana ikwenza, yenza ubengezelo. Kwaye omnye iyakuya kukukhanya okuluhlaza, enye iyakuba kukukhanya okuluhlaza okwesibhakabhaka, kwaye mhlawumbi elinye, ukukhanya kwelitye elinqabileyo, kunye nokukhanya okubomvu. Kwaye ukukhanya okwahlukileyo kuphuma kuyo, njengombala womnyama. Bakubiza, "umlilo kwidayimani."

125 Ngoku, nganye kwezi zikhanyiso zimele izipho. Kodwa ngu, kuphela, uKristu yiDayimani. Kwaye NguLowo Owezayo, wakhandaniswa, watyunyuzwa, watshwezwa, ukuze Abe nokuzibonakalisa Yena emva njengokuKhanya ehlabathini. UyilaDayimani eNkulu.

126 Ungafane ucinge, phambi kokuba kubekho kwa ihlabathi, phambi kokuba kwabakho ukukhanya, phambi kokuba kubekho inkwenkwezi, phambi kokuba kwakukho nantoni? Kukho uMthombo oMkhulu ophumayo, kaMoya, kwaye kuloMthombo kwaphuma olono lunyulu uthando, kuba kwakungekho nto yokuba luphume kula nto kuphela uthando. Ngoku, thina, esikubiza uthando, namhlanje, luthando olugqwethekileyo. Kodwa njengoko sifumana ubunto, okanye intwanana yolwathando kuthi, luguqula yonke imbono yethu.

127 Ngoko phaya kwaphuma omnye umfula, ophuma kuloMthombo, iDayimani, kwaye yayibizwa ubulungisa, ngokuqinisekileyo ubulungisa. Ngoku, eso sisizathu kwafanela sibe nomthetho. Eso sisizathu ekufanele umthetho ube nesigwebo. Ukuba isigwebo asilandeli mthetho, umthetho awenzi nto ilungileyo. Kwaye xana isigwebo sanikezwa ngumthetho, ntoleyo ezisa ukufa, kwaye akukho namnye owayenokusihlawula isohlwayo kuphela nguThixo Ngokwakhe. Wahlawula isohlwayo sokufa kwethu, waza wathabathela izono zethu kuYe, ukuze sibe bubulungisa bukaThixo ngaYe.

128 Ngoku, xana ezi zinkulu iziKhanyiso zaphumayo, okanye imitha emikhulu kaMoya: uthando, uxolo, kuko konke okwakukhona, Okuya. Kwakungekho kuva bunzima. Kwakungekho—ngekho ntiyo, nalunya; ibingenakuphuma kuloMthombo. Lowo yayinguYehova. Lowo yayinguYehova

uThixo. Kwaye ngoku, njengesifundiswa ngezenkolo beyibiza, umzimba kamoya wesuka Phaya, owawubizwa, eSibhalweni, u "Logos," uLogos owaphumayo kuThixo. Kunzima ukuyichaza, kodwa Wona wawuyinxalenye kaThixo.

129 Ngoku, naku okwenzekayo. Owu! Uxolo. Ndi—ndi—ndingena nje koku, oku nje kundifaka kanye apho ndiyithandayo.Yabona? ULogos, kunye naloMthombo mkhulu, loMthombo mkhulu kaMoya owawungenasiqalo okanye ungenasiphelo; lo Moya mkhulu waqalisa ukubumbeka, kwindalo, kwaye uLogos owaphuma kuWo yayinguNyana kaThixo. Yayikukuphela kwesimo esibonakalayo owawunaso uMoya. Kwaye Yayingumzimba kamoya, ntoleyo ithetha umzimba, kwaye umzimba wawunjengomntu.

130 UMoses waWubona xana Wegqitha nge . . . nga—ngaseliweni. Kwaye wajonga kuWo, wathi, "Ukhangeleka njengomva wendoda."

Luhlobo olunye lomzimba esithi siwufumane xana sisifa apha. "Ukuba lomnquba wasemhlabeni uthi uchithwe, sinomnye osele ulindile." YayinguWo. Kwaye yayingumzimba kamoya owawunguNyana kaThixo. Laa Nyana, laa Logos, waba yinyama, ngokuba sabekwa enyameni. Kwaye umzimba kamoya, uLogos, waba yinyama, apha phakathi kwethu, kwaye Wawungeyiyo enye into kuphela indawo yokuhlala, kuba laMthombo wonke wahlala kuYe. Owu, ingaba niyayibona? Nankuya Wona. YayinguWo, owathi, kwi . . .

131 Jonga apha. Masityhile ngoku kwamsinya kumaHebhere, isahluko se-7, nje okwethutyana lo—lobabalo, UThixo ekubeni ethandile. Masibone ikhangeleka njani apha. U-Abraham!

Lingakanani ixesha esinalo? Sineshumi lemizuzu. Kulungile. Sibamba oku, emva koko siyayigqibezela kwelandelayo, kwelandelayo, okanye iCawa, iNkosi ithandile.

132 U-Abraham wayebuya ekubulaleni ukumkani.

Kuba loMelkitsedeki, ukumkani weSalem, . . .

Bangaphi abaziyo kuphi, ngubani, yintoni eyayiyiyo iSalem? Yerusalem.

. . . kumkani weSalem, nkosana *yosenyangweni uThixo, owahlangana no-Abraham ebuya ekubulaleni ookumkani, waza wamsikelela;*

Phulaphulani.

Kuye ngokunjalo u-Abraham wanikeza *ngesishumi sako konke; ukuqala ukuthetha ngentetho evakalayo nguKumkani wobulungisa, . . . kamva abe na*ngu*kumkani weSalem, oko kukuthi* ngu*Kumkani woxolo;*

*Engenayise, engenanina, engenamlibo wakuzalwa, engenasiqalo samihla, na*siphelo *sabomi;* . . .

133 UKumkani wehla esuka eSalem, wahlangabeza u-Abraham ebuya ekubulaleni ookumkani. Kwaye loKumkani wayengenayise, engenanina, engenesiqalo samihla okanye isiphelo sabomi. Ngubani owadibana naye u-Abraham? Ngoku cinga. Wayengenayise; Wayengenanina. Wayengazange waba naxesha awaqala ngalo, kwaye engazange abe naxesha apho Ayakuphela khona, ke laKumkani mnye weSalem kufanele ukuba abe uyaphila namhlanje. Amen. Uyayibona? Yayingulamzimba welizwi owawungulaNyana kaThixo. Yintoni iSalem? La Yerusalem engaPhezulu, awathi u-Abraham, ekubeni esikelelwe, wayeyikhangela, fumana, ezama ukufumana iSixeko oMakhi noMenzi waso inguThixo. Wabhadula ngeemfele zeegusha neemfele zeebhokhwe, ndaweni yonke, eswele, ebhadula, kwaye wayefuna iSixeko oMakhi noMenzi waso inguThixo. Kwaye wahlangana noKumkani walaSalem, esehla, waze wamhlawula Yena isishumi sawo onke amaxhoba. Amen. Nguye Lowo. Owu, Mzalwana uGraham, yayinguYe. YayinguYe.

U-Abraham waMbona kwakhona. Ngenye imini wayehleli ententeni. Wakhangela, kusiza phaya, kwaye wabona amadoda amathathu esiza.

134 Niyazi, kukho nje into ethile malunga nomKristu, yokokuba uyawazi uMoya xana ewubona Wona. Xana wa . . . Uyawazi nje wona. Kukho nje into ethile engokoMoya malunga nayo. Izinto zokoMoya zicalulwa ngokoMoya. Niyazi. Ehe, unakho nje ukuyixela, ukuba ngenene uzelwe. "Ezam izimvu ziyalazi iZwi laM."

135 Kwaye wayazi nje kwakukho into ethile. Wagidima waphuma wathi, "Ngena, Nkosi yam. Hlala phantsi. Yima kancikana. Ndiyakufumana iqhekeza lesonka ndilibeke esandleni Sakho. Ndiyakuhlamba iinyawo Zakho. Ziphumze Wena, emva koko uhambe uhambo Lwakho, kuba Wena—Wena uze kutyelela mna." Phezulu kumhlaba ongumqwebedu, ukuthabatha indlela enzima, indlela kunye nabeNkosi abacekisiweyo abambalwa.

Ngelixa, uLote ephila ebutyebini, umtshana ezantsi phaya, kodwa wayephila esonweni. Yilonto ubutyebi obuninzi bukuvelisayo sisono.

136 Ke u-Abraham wabazisa, ngelixa wafumana amanzi amancinci wahlamba iinyawo Zabo. Wagidima waphuma waya etholeni, waze wafumana ithole elityetyisiweyo emhlambini, walixhela; walinikezela kwisicaka, ukuba sililungise. Waze wathi, "Sarah, xova umgubo wakho."

Niyazi yintoni ukuxova, kuku, ekuthetha kona. Niyazi, umama wayeqhele ukuba nendala, uhlobo olufana neverhe, wayenayo kumphanda womgubo. Ingaba nakhe nambona omnye

wabo enesihluzo? Kwaye uneverhe liphakath phaya, urhugula umgubo, uyazi; uze ubenzima *ngolwa*hlobo, uwurhugulisise, ngohlobo. Ndimbonile umama eyenza, amatyeli amaninzi, iverhe, enento encinci esisangqa enecingo eliscaba kuyo. Ubeyakuphosela lamgubo phezulu aze awuhluze *ngolwa*hlobo, niyazi, awumpampathele emva naphambili, *ngolwa*hlobo. Emva koko athathe iverhe awurhugule, *ngolwa*hlobo, ukuwenza wonke ulale. Kwaye oko kuxa kufuneka sihle siyokwenza umgubo wethu usilwe kwilitye elidala lokusila; nezikhoko ezidala ezinkulu, niyazi, zinzima, zenza isonka sombona senene. Ubungasarha iziqobo imini yonke, ngaso.

137 Ke emva koko, wathi, "Xova umgubo, ngokukhawuleza. Uze wenze amaqebengwana kanye apha eziko, ngokukhawuleza." Baze basenga inkomo bafumana ubisi. Baze bafumana, baliqhuqha, bafumana ibhotolo. Baze emva koko bayakuxhela ithole bafumana inyama, baze bayiqhotsa inyama. Bathatha ubisi lwebhotolo, isonka sombona, baze bafumana ibhotolo yokuyiqaba kumaqebengwana. Owu, oko kulunge kakhulu. Baze bayiqaba yonke phaya. Waza wayithabatha, wayibeka phantsi kulaMadoda mathathu.

138 Kwaye ngelixa esidla Wona, Aqhubeka ekhangela ngaseSodom. Kwaze emva kwethuba, Aphakama aqalisa ukuhamba. Yaze Yathi, "Abraham . . . " Yathi, "Akuyi kuyifihla kum."

139 "Andinakuyifihla kuwe into Endizakuyenza. Ndiyehlela phaya. Izono saseSodom zifikile ezindlebeni zaM."

Yayingubani laNdoda? Uthuli kwiimpahla zayo zonke, kwaye ihleli phaya isitya inyama yethole, kwaye isela nobisi lwenkomo, kwaye isitya neqebengwana lesonka sombona, nebhotolo. Ngubani loMfo ungaqhelekanga? Amabini, okanye amathathu Awo, ehleli phaya. Uthuli kuzo zonke iimpahla zaKhe. Owu, ehe, "Sisuka kwiLizwe elikude." Ehe, kude kakhulu. Kwaye ke Yathi . . . Ke, YayingoBani?

140 Yathi, "Andinakufihla ku Abraham, ekubeni eyindlalifa yomhlaba." Amen. "Ndityhila iimfihlelo zaM," ngamanye amagama, "kwabo bazindlalifa zomhlaba." Kulapho iBandla kufanele libe khona namhlanje. Injalo lonto. Fumana iiMfihlelo zikaThixo, yazi indlela yokulawula isiqu sakho, nokwenza, nento yokwenza, nendlela yokuhamba, nendlela yokuphila. Siyindlalifa yomhlaba. Kunjalo. UYityhila kuwe, kuba Akasayi kufihla nto. Yilonto siqaphele ezi zinto zisenzeka.

Ihlabathi lithi, "Aha, eliya ligquba lobaxo." Mabayitsho. Indlalifa yomhlaba iyazazi ezi zinto. [Indawo engenanto eteyiphini—Mhl.]

. . . kuba bayakubizwa abantwana bakaThixo.

Banoyolo aba*nobulali: kuba bayakuwudla ilifa umhlaba.*

Wenza iimfihlelo Zakhe zaziwe kubo, uyazityhila kubo, ababonise amabakwenze nendlela yokuphila, ukushiya izinto zehlabathi; uhambe ngokobuthixo uphila ngokobuthixo, kwelihlabathi langoku, uhamba kunye naYe. Yeka ihlabathi litsho oko lifuna ukukutsho.

141 Ke Wathi, "Andinakuyifihla lemfihlelo ku Abraham, ngokuba, ekubeni eyindlalifa yomhlaba. Kodwa," Wathi, "Ndiyehlela ezantsi ukuya kutshabalalisa iSodom. Ndiyehlela."

142 "Yintoni ozakuyenza, Mnumzana? Uvelaphi Wena? Yintoni konke oku kumalunga nako?"

143 Kwafumaniseka, Wathi, "Kwaye enye into, Abraham, uye walindela esi sithembiso ndikunika sona amashumi amabini anesihlanu eminyaka. Ugqibile ukufumana iimpahla zemithungo yosana, i—izipeliti nayo yonke into, ukwenzela usana, amashumi amabini eminyaka egqithileyo. Usalindele kuM. Ngoku Ndizakukutyelela, nje malunga nexesha lobomi, ngokwalo, ixesha lobomi, kwinyanga ezayo Ndizakuba nawe."

144 Kwaye uSarah, emva ententeni. Kwaye le Ndoda inomhlana wayo ujikelwe ententeni, ithetha no Abraham, *ngolu* hlobo. Kwaye uSarah waya, "Huh!"

145 Yathi, "Yintoni eyenza uSarah ahleke?" Ho-ho-ho! Kanjani malunga nokuya? Yayilufundo lwengqondo ngenene, yayingelulo? "Yintoni eyamenza uSarah ahleke?"

Wathi uSarah, "Hayi. Andikhange ndihleke."

146 Yathi, "Owu, ewe, wenzile." Wayesoyika. Wayengcangcazela. Yayingubani Lowa, onokwazi awayekwenza emva ententeni? Lowo nguLowo usemnye uThixo okunye nathi namhlanje. Okwamnye Yena. Wazi konke malunga nayo. Yabona? Uyayityhila nje njengoko unesidingo. Yabona?

147 "Uhleka malunga nantoni?" Yabona, Umhlana Wakhe ujikelwe kuyo. IBhayibhile yachaza oko, ukuba, "Umhlana Wakhe wawujikelwe ententeni." Kodwa, Wayeyazi. "Oko yena, emva phaya esenza *oku*, niyabona?"

Ke, Wathi, "Ndizakukutyelela."

148 Ngubani lo Mfo ungaqhelekanga? Niyazi okwenzekayo? Wahamba waphuma kanye phandle phaya wanyamalala. Kwaye iBhayibhile yatsho ukuba Lowa yayinguThixo uSomandla, uYehova, laMthombo mkhulu, laMzimba welizwi, laLogos.

149 Omnye umshumayeli wathi kum, ngelinye ixesha elagqithayo, wathi, "Mzalwana uBranham, eneneni ubungayi kucinga lowa yayinguThixo, ubuyakwenza njalo?"

150 Ndathi, "IBhayibhile yathi YayinguThixo, u-Elohim." Ntoleyo, WayenguThixo uSomandla, u-El Shaddai, injalo lonto, uMniki-Mandla, uManelisi. Amen.

151 Owu, ndiziva ndinenkolo! Yicinge. Nantsi apha, unguYe. Ngoku ndizakunibonisa Ungubani Yena apha, emva koko niyakubona Ungubani uNyana. Lowo yayinguYesu, ngaphambi kokuba abe neGama lobuntu, "uYesu."

152 Wema phaya emthonjeni ngala mini. Kwaye bonke babesela, niyazi, kwaye, "Benamanzi kwakusentlango," kunye nezinto ezinjeya. Wathi . . . Babesidla imana nezinto. Bathi, "Oobawo bethu badla imana entlango, iminyaka emashumi amane."

153 Wathi, "Kwaye bona, bonke ngamnye, bafile." Wathi, "NdisiSonka soBomi esisuka kuThixo, siphuma eZulwini. Lowo uthi asidle esi iSonka akasayi kufa."

154 Wathi, "Ke, oobawo bethu basela kuMoya, kwiLiwa likamoya elalisentlango, elalibalandela."

155 Wathi, "Ndililo ela Liwa." Uzuko! UYohane oNgcwele, isahluko sesi-6.

"Kutheni," bathi, "intoni?"

"Ewe. Kunjalo."

156 "Kutheni," wathi, "Wena . . . Wena akukabi nawo namashumi amahlanu eminyaka ubudala." Kakade, umsebenzi Wakhe wamenza Yena akhangeleke budalana, kodwa Wayenamashumi amathathu kuphela. Wathi, "Uyindoda engekho nangaphezulu kwamashumi amahlanu eminyaka ubudala, kwaye uthi wambona u-Abraham, obe efile iminyaka engamakhulu asibhozo okanye asithoba? Siyazi ngoku ukuba wena ulidemoni."

157 Wathi, "phambi kokuba u-Abraham abekho, NDINGUYE." Nankuya Yena. Yayingubani uNDINGUYE? IGama elingenasiphelo kuzo zonke izizukulwana. Lowo yayi . . . la Ntsika yoMlilo kwityholo elivuthatyo, "NDINGUYE ENDINGUYE." Nankuya Yena ephaya, laMzimba welizwi Awawenzayo apha, obizwa uNyana kaThixo, uNDINGUYE, uYehova.

158 Wathi uTomas, "Nkosi, sibonise uBawo oko kosanelisa."

159 Wathi, "Ndibe ndinani ixesha elide, akundazi na Mna?" Wathi, "Xana uNdibona, ubona uBawo. Kutheni usithi, 'Sibonise, Wena, uBawo'? Mna noBawo siBanye. UBawo waM uhlala kuM. Ndingumnquba nje obizwa Nyana. UBawo uhlala kuM. AsindiM owenza imisebenzi, nguBawo waM ohlala kuM. Wenza imisebenzi, hayi Mna."

160 Ngoku, emile emva phaya, kwakhona, uMoses waMbonayo, umhlana Wakhe, wathi, "Ukhangeleka njengomva wendoda," uLogos owaphuma kuThixo.

161 Emva koko kwenzeka ntoni? Lona yayinguThixo. Kwaye isizathu Awasuka kuLogos waba yinyama . . . Yintoni . . . ? Kanjani . . . ? Kwenzeka ntoni kokuya? Imizuzu emihlanu phambi

koko, Waye eyi . . . Waye enguLogos. Kodwa wenza ntoni Yena? Wafikelela nje ngaphaya . . .

162 Ngoku, imizimba yethu yenziwe ngamalungu alishumi elinesithandathu ohlukeneyo omhlaba. Siyakwazi oko. Yenziwe ngepotash, kunye—kunye ne—kunye nekalsiyam encinci, kunye—kunye nepetroliyam, nesikhanyiso sendalo, nee atoms, nanjalo njalo. Konke kudityanisiwe, kwaza kwenza lomzimba, kuphuma eluthulini lomhlaba. Utya ukutya. Njengoko usitya ukutya, oko kujikela kwi . . . ukusuka eluthulini, kwaye kusuka eluthulini, kwaye nje wona—uyaqhubeka. Inyama yakho, ngokuphathelene nenyama yakho, ayahlukanga kwihashe, okanye kwinkomo, okanye nantoni engenye. Iseyinyama nje.

163 Kwaye, nkwenkwe, uzukisa inyama; kodwa la moya unomphefumlo phakathi phaya, mzalwana wam. Injalo lonto. Kodwa inyama yakho luthuli nje lomhlaba, njengesilwanyana. Inyama yakho ayikho ngaphezulu kunesilwanyana. Kwaye ukuba ukhanuka okwemnyama kunye nezinto ozibonayo, ukhanuka abafazi, ukhanuka zonke ezi zinto zahlukeneyo, isesisilwanyana. Injalo lonto. Injalo lonto. Akufanele ukwenze oko. UMoya kaThixo uyakukukhokelela uze ukubeke kwindawo ephakamileyo kunokuya. Injalo ngqo lonto.

164 Ngoku, kwaye apha, lo mkhulu uMzimba welizwi umile phaya. Intoni . . . La Yehova mkhulu uThixo, uyayazi into Awayitshoyo? Wafikelela nje ngaphaya wafumana isandla esigcweleyo see atoms, wafumana ukukhanya okuncinci, waze wakugalela, *ngolu* hlobo, waya, "Whew," umzimba, waze nje wangena ngaphakathi kuwo. Kuphelele apho.

165 Wathi, "Yiza apha, Gabhriyeli," esiya sikhulu iSiphathazithunywa. Waya, "Whew." "Ngena ko*kuya*."

166 "Yiza apha, Mikhayeli," iNgelosi kwicala lakhe langasekunene. "Whew." Ukwenzela i . . . "Wena ngena ko*kuya*."

167 UThixo, neeNgelosi ezimbini, behlela apha bekwinyama yomntu, baza basela ubisi oluphuma enkomeni, badla ibhotolo ephuma ebisini, kwaye badla nesonka sombona, baze batya inyama yethole. IiNgelosi ezimbini noThixo. IBhayibhile yatsho njalo. Lowo nguMelkitsedeki, awahlangana naye u-Abraham, esuka ekubulaleni ookumkani. Lowo nguNyana kaThixo.

168 Qhubeka, apha kumaHebhere, esi-7, athi, "Kodwa wenziwa kuluhlu ngokufana noNyana kaThixo." Nankuya Yena phaya. Wenza zonke izinto ngaYe. Kwaye Waphuma kanye phaya, waze nje waguqulela olwathuli kanye emva eluthulini kwakhona, wangena kanye ekubuyeleni emva kuZuko.

169 Kwaye iiNgelosi, kwamsinya zimhlangule uLote noNkskz. Lote, waze waqhubeka ukujonga ngasemva. Wathi, wabaxelela ukuba bangayenzi kwakhona. Kwaye bangena babuyela emva kanye e—eBukhoneni bukaThixo.

170 Ngoku, elinjani kubalikhulu ithemba esinalo kolu lukhulu uKholo esilukhonzayo ngobu busuku! UThixo ophilayo, uYehova, iNtsika yoMlilo, ikunye nathi. Izibonisa emandleni, nokwenza, kwaye izenza nkulu. . . Mabathabathe uMfanekiso Wakhe, uYehova okwamnye. UNyana kaThixo owesuka kuThixo, wabuyela emva kuThixo, kwaye uhleli eBandleni Lakhe ngonaphakade. Nankuya Yena.

171 Unamagama ethu eNcwadini Yakhe, kunye nesibhambathiso asifungele ngoKwakhe, ngokuba akukho wumbi mkhulu Anokufunga ngaye, sokuba Uyakusivusa ngomhla wokugqibela. "Lowo udla iNyam yaM, asele neGazi laM, unoBomi obungunaphakade, kwaye Ndiyakumvusa ngomhla wokugqibela. Lowo uzayo kuM, aNdiyi kumlahlela ngaphandle. Lowo ulivayo iLizwi laM, akholwe kuLowo waNdithumayo, unoBomi obungunaphakade, kwaye akasayi kuza emgwebeni, kodwa udlulile ekufeni wangena eBomini."

172 Lowo ukwaMnye angafikelela nje aze athathe isandla esizeleyo sekhalsiyam nepotash, aye, "Whew," kwaye nantsiya kwakhona. Kwaye igama lam likwiNcwadi Yakhe. Ho-ho! Ho-ho-ho-ho! Yintoni endiyikhathaleleyo agoba kangakananai amagxa am, ndibamdala kangakanani? Ngokuqinisekileyo hayi. Akukho nantwana yokukhathazeka.

173 Mzalwana uMike, ngenye yezi ntsuku, mayisikelelwe intliziyo yakho, mzalwana, xana ela xilongo likhulu liyakuza, esa sandi, kwaye la Yosefu uyakuvela. Haleluya! Uyakuthi, "Bantwana!" "Whew." Siyakuba phaya, senziwe ngokufana naye; sibatsha ngonaphakade, ubudala bugqithile; ukugula, iingxaki, iintsizi zinyamalele. Uzuko lube kophilayo uThixo!

174 Lowo nguLowo Athetha ngaye, namhlanje, uNyana Wakhe. "Kumaxesha akudala neendlela ezininzi Wathetha ngomprofeti, kodwa kulomhla wokugqibela ngoNyana Wakhe, uKristu Yesu." Uthetha kuyo yonke iintliziyo yomntu athe Wambiza. Ukuba ukhe uve ngokuvakalelwa iZwi Lakhe okanye uMvile enkqonkqoza entliziyweni yakho, nceda sukuLigxotha.

Masithandazeni.

175 Bawo waseZulwini, ngobu busuku, njengoko sivuya kakhulu ukwazi, ekuvulweni kwale Leta yesiHebhere, indlela uPawulos waya kanye emva kwiiVangeli. Ebengayi nje kuyithabatha phezu kondiva okanye phezu kwamava. Wayefuna thina sazi yayiyintoni iNyaniso. Kwaye wabuyela kanye emva kwiiVangeli, waze wa. . . emva kwiTestamente Endala, iVangeli eyashunyayelwa kubo. Kwaye wabona, ngeTestamente Endala phaya, zonke izithunzi nemizekelo. Yilonto sinaleNcwadi inkulu yamaHebhere ngobu busuku. Kwaye siyaYibona, Nkosi, kwaye siyaYithanda. Kwaye ngazo izigaba, Ibe itshisiwe, Ibe isasaziwe, Izanyiwe ukuba itshatyalaliswa, kodwa Iwangazelise

nje ngohlobo olunye. Kuba Wena wathi, "Amazulu nomhlaba ayakugqitha, kodwa aMazwi aM awayi kugqitha."

176 Emva koko umkrokri uyakuthi, "Kulungile, uthe, 'UPawulos wabhala oku.'" Hayi uPawulos, kodwa uThixo owayekuPawulos; esaSiqu sidalayo esasingaphakathi koPawulos.

177 Njengokufana kwakunjalo kuDavide, xana wathi, "Andisayi kumvumela OwaM oNgcwele abone ukonakala, ndingayi kuwushiya umphefumlo Wakhe kwelabafileyo." Kwaye uNyana kaThixo wathabatha loo Mazwi kulamprofeti, waze waya kanye kwiingontsi zelabafileyo. Waze wathi, "Wuchitheni lomnquba, kwaye ndiyakuWuvusa ngeentsuku ezintathu." Kwaye Wayenza, ngokuba iLizwi likaThixo alinakusilela; nentwana ayinakusilela. Indlela esimbulela ngayo uThixo ngako oku, lena inkulu i-Urim Thummim, nokwazi ukuba amava ethu ngobu busuku, Nkosi, adanyaza kanye kule Bhayibhile apha! Sizelwe ngokutsha, sinoMoya oyiNgcwele.

178 Thixo Othandekayo, ukuba kungabakho indoda okanye umfazi apha ngobu busuku, inkwenkwe okanye intombi, engazange yakubona oku, bangavuka njani ukuba akukho Bomi phaya? Owu, bathi, "SinoBomi."

179 Kodwa iBhayibhile yathi, "Lowo uphila eziyolweni ufile ngelixa ephilayo. Nithi ninoBomi, kodwa nifile. Niyabanga," itshilo iBhayibhile, "ukuba ninoBomi, kodwa nifile. Uthi utyebile kwaye akudingi nto; kodwa akwazi ukuba ulusizi, kwaye uhluphekile, kwaye uze, kwaye uyimfama, kwaye akuyazi lonto." Kwaye leyo yimeko yamabandla ngobu busuku, Nkosi. Indlela abaziphosa ngayo ezi zinkulu, zixabisekileyo izinto.

Ukwazi ukuba uYehova uThixo omkhulu, Onakho ukuvelisa kuphela nge . . . Wathi, "Ndiziseleni Mna ezo ntlanzi zincinci." Kwafuneka athabathe intlanzi ukuze—ukuze enze into ethile ngayo. Ukubonisa, ukuba uvuko kufanele lube yinto ethile, ukwenza into ngalo. Akazange enze ntlanzi kuphela, kodwa Wenza intlanzi ephekiweyo, nesonka esiphekiweyo. Kwaye Wadlisa amawaka amahlanu ngeentlanzi ezincinci ezintlanu . . . izonka ezincinci kunye neentlanzi ezimbini. Owu Nkosi, yayisezandleni Zakhe, kwaye wayenguMdali. Kodwa kwafuneka Abe nento esandleni Sakhe.

Thixo, sanga singabeka iziqu zethu ezandleni Zakhe, ngobu busuku, size sithi, "Owu Thixo, ndithabathe njengoko ndinjalo. Kwaye xana isiphelo sobomi sam silapha, mandihambe ngeli themba ebelingaphakathi kum, ndisazi ndizelwe ngokutsha, kwaye uMoya Wakho unobungqina ngam, kwaye ungqinelana nomoya wam, ukuba ndingunyana Wakho, okanye intombi Yakho." Kwaye kula mhla wokugqibela, Uyakubavusa. Siphe oko, Bawo.

180 Kwaye ngelixa sithobise iintloko zethu, kungabakhona othile onokuphakamisa isandla sakho, uthi, "Ndikhumbule,

Mzalwana uBranham, emthandazweni. Ndifuna uThixo andazi xana . . . ' phambi kokuba ndishiye lomhlaba, okokuba Uyakundazi kangangokuba Uyakubiza igama lam. Ndiyakusabela." INkosi ikusikelele nyana. UThixo akusikelele, nawe; nawe, nenekazi. Omnye ongomnye? Phakamisa nje isandla sakho. Uthi, "Ndithandazele, Mzalwana uBranham." Yilonto esiyakuyenza. UThixo akusikelele, nenekazi eliselitsha. Ilungile lonto.

181 Ngoku, ngelixa iintloko zenu ziqutyudiwe, nithandaza, ndizakucula ivesi yalengoma.

Unganqweneli ubutyebi beli hlabathi obungamampunge,
Obubola ngokukhawuleza kangako,
Yakhela amathemba akho kwizinto zaPhakade,
Azisokuze zigqithe.

Bambelela kwisandla sikaThixo esingaguqguqukiyo.
Bambelela kwisandla sikaThixo esingaguqguqukiyo.
Yakhela amathemba akho kwizinto zaPhakade,
Bambelela kwisandla sikaThixo esingaguqguqukiyo.

182 Ngelixa edlala ngoku, kwaye iintloko zenu ziqutyudiwe, ningasa nje isandla senu phezulu, nithi, "Ewe, Nkosi, nasi esam"? Yintoni eyakuyenza? Iyakubonisa umoya wakho, ongaphakathi kuwe, wenze isigqibo. "Ndifuna isandla Sakho, Nkosi." UThixo akusikelele, ntombazanana encinci. "Ndiyakuphakamisa isandla sam." UThixo akusikelele ntombazana encinci, ezantsi apha. Ilungile lonto, sthandwa. UThixo, uyazi, uyavuya ukukubona usenza okuya. "Bavumeleni abantwana abancinci beze kuM."

183 "Ndifuna, Thixo, Wena ubambe isandla sam. Kwaye ngalamhla, ndifuna ukuba sesandleni Sakho; okokuba, xana UBiza, ndiyakuza." Ewe, njengoLazaro wayenjalo. UThixo akusikelele, dade.

Xa uhambo lwethu lugqityiwe,
Ukuba kuThixo unyanisekile,
Lihle liyakhanya ikhaya lakho eBuqaqawulini,
Umphefumlo wakho ogcobileyo uyakulibona.

Yintoni oyakuyenza ngoku, ngoko?

Bambelela kwisandla sikaThixo esingaguqguqukiyo.
Bambelela kwisandla sikaThixo esingaguqguqukiyo.

Yakhela amathemba akho kwizinto zaPhakade,
Bambelela kwisandla sikaThixo esingaguqugugukiyo.

184 Bawo waseZulwini, izandla ezininzi zenyukile, kulomhlangano mncinci, ngobu busuku, zokuba zifuna ukubambelela, ngobu busuku, kweSakho esingaguqugugukiyo, saNaphakade isandla. Ekwazini ukuba oko kunikelwe kuWe . . . Uthe, "Ndi . . . Bonke athe uBawo wabanikela kuM bayakuza kuM, kwaye akukho namnye wabo uyakulahleka. Kwaye ndiyakubavusa ngomhla wokugqibela. Akunakutshabalala, akunakuza emgwebeni, kodwa unobunguNaphakade, obunguNaphakade uBomi." Kwaye kukho kuphela obunye uBomi obunguNaphakade. Obo busuka kuThixo, yedwa. NguThixo. Kwaye siba yinxalenye kaThixo, kangangokuba siingonyana neentombi zikaThixo. Xana sinoMoya kaThixo kuthi, sicinga njengoThixo. Sicinga ngobulungisa nobungcwele, kwaye sizama ukuphila ukukholisa Yena.

185 Siphe, Nkosi, okukuba olwa hlobo loBomi luyakungena bonke abantu abaphakamise isandla sabo. Kunye nabo ababefanele baphakamise izandla zabo, baze abayenza, ndiyathandaza ukuba Uyakuba nabo. Siphe oko, Bawo. Kwaye xana uhambo luphelile, ubomi bugqityiwe, sanga singangena kuxolo ngalamini, kunye naYe, apho singasayi kubabadala, singayi kugula, singayi kuba sengxakini. Kude kube ngoko, sigcine sivuya kwaye sonwabile, sidumisa Yena, kuba sikucela oko eGamini Lakhe. Amen.

186 Nonke nina makholwa, ngoku, masiphakamise nje izandla zethu size sicule elakhorasi.

Bambelela kwisandla sikaThixo esingaguqugugukiyo.
Bambelela kwisandla sikaThixo esingaguqugugukiyo.
Yakhela amathemba akho kwizinto zaPhakade,
Bambelela kwisandla sikaThixo esingaguqugugukiyo.

Ngoku masiyingqumshele. [UMzalwana uBranham uyaqalisa ukungqumshela *Bambelela Kwisandla SikaThixo Esingaguqugugukiyo*—Mhl.]

187 Ngelixa nikwenzayo oko, ummelwane wenu; uthi, "UThixo akusikelele, mmelwane." Xhawula izandla nomnye ohleli ecaleni kwakho. "UThixo akusikelele." Kumacala omabini ngoku. Kumacala omabini, xhawulani izandla. "UThixo akusikelele, mmelwana. UThixo abe nawe." Yakhela amathemba akho kwizinto zaNaphakade.

Doc, ndiyayazi iphaya, mzalwana. Ndiyayazi ube uphaya, Mzalwana uNeville, kudala.

Xa oluhambo lugqityiwe,

Iza kwenzeka, ngenye yezi mini.

Ukuba kuThixo besinyanisekile,

Siyakumbona uMzawlana uSeward phaya.

Ukukhazimla nokukhazimla, ikhaya lakho eluzukweni,
Umphefumlo wakho ovuyayo uyakulibona.

Bambelela kwisandla sikaThixo esingaguqguqukiyo.

Ndiyaluthanda olwanqulo, emva komyalezo.

Bambelela kwisandla sikaThixo esingaguqguqukiyo.
Yakhela amathemba akho kwizinto zaPhakade,
Bambelela kwisandla sikaThixo esingaguqguqukiyo.

Ixesha lizaliswe lutshintsho olukhawulezileyo,
Akukho okomhlaba okungashukumiyo okuyakuma,
Yakhela amathemba akho kwizinto zaPhakade,
Bambelela . . .

Masifumane imbonakalo Yakhe, Lowa ungabonakaliyo phakathi ngoku, size nje sinqule Yena ngoku njengoko sicula.

Bambelela kwisandla sikaThixo esingaguqguqukiyo.
Bambelela kwisandla sikaThixo esingaguqguqukiyo.
Yakhela amathemba akho kwizinto zaPhakade,
Bambelela kwisandla sikaThixo esingaguqguqukiyo.

Uxolo! Uxolo! Uxolo olumangalisayo,

Mnquleni nje ngoku.

Ukuza ukwehla . . .

Umyalezo uphelile. Lunqulo.

Yehlela emoyeni wethu naphakade, ndiyathandaza,
Kwilifukazi elingenakuqiqeka lothando.

Ukuzimanzisa nje kuYe.

Uxolo! Uxolo! Uxolo olumangalisayo,
Ukwehlela ngasezantsi ukusuka . . .

La Mthombo mkhulu, Uyavuleka.

. . . ngaphezulu;
Yehlela emoyeni wethu naphakade, ndiyathandaza,
Kwilifukazi elingenakuqiqeka lothando.

Ingaba oko akwenzi nje into ethile?

Uxolo olumangalisayo,
Lusehla luvela kuBawo Ngasentla;
Yehlela emoyeni wethu naphakade, Ndiyathandaza,
Kwilifukazi elingaqiqekiyo lothanda.

Ingaba akukho nto ithile malunga naYo, ityebile nje kwaye imnadi?

188 Andazi nokuba kukho umntu ogulayo ofuna ukuthanjiswa athandazelwe. Ukuba ukhona, fumana nje indawo yakho. Eli linenekazi kwisitulo samavili phaya? Myeke nje ahlale. Ndiyakuza, ndimthandazele. Akuyi kudingeka ukuba aphakame ukusuka esitulweni. Omnye?

Owu, aniyithandi nje le ndawo yenkonzo? Bangaphi abeva, nje ukwazi ukuba uBukhona bukaThixo bulapha? Oko koko ndithetha ngako. Okuya kunye. . . Uziva nje ngokufana. . . Bangaphi abava ngokungathi unokusuka ukhwaze nje? Ngoku masibone nje. Nje ukuva ngathi into ethile ngaphakathi kuwe ifuna ukukhwaza. Yabona?

Luxolo! Uxolo! Uxolo olumangalisayo,
Lusiza lusuka kuBawo Ngasentla;
Yehlela emoyeni wam naphakade, ndiyathandaza,
Kwilifukazi elingaqiqekiyo lothando.

Khanya kum,

189 Ngelixa sisekunquleni, sizakuthambisa abagulayo ngoku, size sibathandazele. Akunakuza kanye ngale ndlela, nenenkazi?

190 Kuthetha ntoni oku? "Umthandazo wokholo uyakusindisa ogulayo." Wonke ubani emthandazweni ngoku, nje ngqumshela la ngoma. Cinga ngoYesu ephilisa abagulayo.

Mthambise nge-oli. . . ?. . .

AmaHebhere, Isahluko Sokuqala XHO57-0821
(Hebrews, Chapter One)
Imiqulu yeNcwadi YamaHebhere

Lo Myalezo ka Mzalwana William Marrion Branham, waqala ukushunyayelwa ngesiNgesi ngoLwesithathu ngokuhlwa, ngo Agasti wama-21 ngo 1957, kuMnquba kaBranham eJeffersonville, Indiana, U.S.A., wathatyathwa kwisishicileli-mazwi waze wabhalwa ngesiNgesi ungafinyezwanga. Le nguqulelo yesiXhosa ibhalwe yaze yapapashwa yi Voice Of God Recordings.

XHOSA

©2021 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

Voice Of God Recordings, South Africa Office
58 Disa Road, Admiral's Park, Gordon's Bay 7140 Western Cape
Republic Of South Africa

Voice Of God Recordings
P.O. Box 950, Jeffersonville, Indiana 47131 U.S.A.
www.branham.org

Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

Voice Of God Recordings
P.O. Box 950, Jeffersonville, Indiana 47131 U.S.A.
www.branham.org